URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

IsiCwangciso-nkqubo soLwimi sika-2015 – 2019

Isiqulatho

IziFinyezo **3**

1. Intshayelelo 4
2. IMbangi yesi sicwangciso-nkqubo 4
   - 2.1 UkuHlola koNyaka kukaZwelonke 5
   - 2.2 IiMvavanyo zeNkqubo zeSebe iWCED 5
   - 2.3 I-PIRLS 5
   - 2.4 I-SACMEQ 6
   - 2.5 ISatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke 7
3. IsiNdululo sesi siCwangciso-Nkqubo soLwimi 8
4. IsiCwangciso-Nkqubo soLwimi 10
   - 4.1 Ukuphuhliswa kwabantu 10
   - 4.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo 11
   - 4.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo 12
   - 4.4 Ukubekwa esweni nokuhlolwa 13
5. Ukucaciswa kwesiCwangciso-nkqubo soLwimi kwibanga ngalinye 14
   - 5.1 IBanga R – 3 14
   - 5.1.1 Ukuphuhliswa kwabantu 14
   - 5.1.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo 15
   - 5.1.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo 16
   - 5.1.4 Ukubekwa esweni nokuhlolwa 17
   - 5.2 IBanga 4 – 6 18
   - 5.2.1 Ukuphuhliswa kwabantu 18
   - 5.2.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo 19
   - 5.2.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo 20
   - 5.2.4 Ukubekwa esweni nokuhlolwa 20
   - 5.3 IBanga 7 – 9 21
   - 5.3.1 Ukuphuhliswa kwabantu 21
   - 5.3.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo 22
   - 5.3.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo 23
   - 5.3.4 Ukubekwa esweni nokuhlolwa 23
   - 5.4 IBanga 10 – 12 24
   - 5.4.1 Ukuphuhliswa kwabantu 24
   - 5.4.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo 25
   - 5.4.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo 26
   - 5.4.4 Ukubekwa esweni nokuhlolwa 27
6. Isiphelo 27
7. Izihlomelo: 28
   - 7.1 Iidayimenshini nemiba yeeNdlela zokuFundisa eziSebenzayo 28
   - 7.2 Ubungakanani befuthe leemeko ekufundeni 28

IziFinyezo

ANA	Annual National Assessment
CAPS	Curriculum and Assessment Policy Statement
CM	Circuit Manager
CTLI	Cape Teaching and Learning Institute
DBE	Department of Basic Education
DCAS	Department of Culture and Sport
DIP	District Improvement Plan
FAL	First Additional Language
FET	Further Education and Training
FP	Foundation Phase
GET	General Education and Training
HEI	Higher Education Institution
HL	Home Language
HoD	Head of Department
ICT	Information and Communications Technology
IP	Intermediate Phase
LiEP	Language in Education Policy
LITNUM	Literacy and Numeracy
LoLT	Language of Learning and Teaching
LTSM	Learning and Teaching Support Material
NCS	National Senior Certificate
NGO	Non-governmental Organisation
PANSALB	Pan South African Language Board
PASA	Publishers' Association of South Africa
PIRLS	Progress in International Reading Literacy Study
PO	Public Ordinary
PLC	Professional Learning Community
SA	Subject Adviser
SACMEQ	Southern and Eastern Africa Consortium for Monitoring Educational Quality
SBA	School Based Assessment
SGB	School Governing Body
SIP	School Improvement Plan
SMT	School Management Team
SP	Senior Phase
SBA	School-based Assessment
WCED	Western Cape Education Department

> **“ Ulwimi lungundoqo kunxibelelwano nabanye yaye lusisiseko sokufunda kuzo zonke izifundo ”**

IsiCwangciso-nkqubo soLwimi semiNyaka emihlanu seSebe iWCED (2015 – 2019)

1 >**Intshayelelo**

Injongo yesiCwangciso soPhuhliso loLwimi seSebe iWCED sika-2015 – 2019 kukuxhasa ukufundwa nokufundiswa kolwimi okusemgangathweni.

Ulwimi lungundoqo kunxibelelwano nabanye yaye lusisiseko sokufunda kuzo zonke izifundo. Ngokufunda iilwimi, abafundi baphuhla kwizakhono zokuthetha, ukuphulaphula, ukufunda nokubhala nabaya kuzidinga ukuze bathathe inxaxheba ngokuyimpumelelo ekuhlaleni nasemisebenzini. Ngolwimi, abafundi baphuhla kwizakhono zokuvakalisa izimvo zabo ngokucacileyo nangokuqiqiweyo kwanokunxibelelana nabanye ngokuzithemba nangokukuko.

Ukufundiswa kolwimi kusekelwe kwimigaqo-nkqubo, izicwangciso-nkqubo kunye nezikhokelo zikazwelonke, umz. uMgaqo-nkqubo woLwimi kwiMfundo (iLanguage in Education Policy - iLiEP), iiNkcazelo zePolisi yeKharityhulam nokuHlola (iiCurriculum and Assessment Policy Statement - iiCAPS) zeelwimi ezahlukeneyo, imiMiselo nemiGangatho (Norms and Standards) yeelwimi, isiNgesi kwizifundo zonke zeKharityhulam (iLAC) kunye nezikhokelo zokuFunda nokuFundisa okuBandakanya bonke abafundi. Undoqo wokufundiswa kolwimi yiLiEP egxininisa imiba emibini ebalulekileyo:

1. ukukhuthazwa kolwimi lwasekhaya lomfundi kunye nokumenza ukuba afikelele kwezinye iilwimi
2. Indlela yemfundo esebenzisa ukufundwa kweelwimi okongezelela kolwasekhaya lomfundi, ndlela leyo inika abafundi ilungelo lokukhetha ulwimi lokufunda nokufundisa (iLoLT) ukuba oko kunakho ukwenzeka ukuba isikolo sikwazi ukuyisebenzisa loo LoLT ayikhethileyo.

2 >**IMbangi** yesi siCwangciso-nkqubo

I-CAPS ifuna ukuba abafundi bafundi isifundo solwimi esinye kumgangatho wolwimi lwasekhaya (HL) kunye nolunye ulwimi kumgangatho woLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL). Kwiimeko ezithile, abafundi bazifunda zombini ezi zifundo zolwimi kumgangatho wolwimi lwasekhaya. Kwimeko yabafundi bamazwe angaphandle kufuneka isifundo solwimi esinye, nesinokuba kumgangatho wolwimi lwasekhaya okanye owolwimi lokuqala olongezelelweyo. KwiBanga le-10-12 abafundi bangathatha olunye ulwimi njengesifundo sesibhozo. Le nto ingenziwa esikolweni okanye kwelinye iziko.

Iziphumo zabafundi baseNtshona Koloni zeemvavanyo zolwimi zaseMzantsi Afrika nezehlabathi zibonisa ukuba uninzi lwabafundi bezikolo zaseNtshona Koloni abafundi babhale ngokwamazinga afanelekileyo. Iimvavanyo zolwimi zoHlola koNyaka kukaZwelonke (iiANA), iimvavanyo zenkqubo (systemic tests) zeSebe iWCED),

uPhando malunga neNkqubela kwiLitheresi yokuFunda yeHlabathi (iProgress in International Reading Literacy Study - iPIRLs), iziphumo zeQumrhu leNdibaniselwano yaMazantsi neMpuma-Afrika ekuQwalaseleni umGangatho weMfundo (iSouthern and Eastern Africa Consortium for Monitoring Educational Quality - iSACMEQ) kunye neziphumo zeSatifiketi sikaZwelonke seMatrikhi (iNational Senior Certificate - iNSC) zeBanga le-12 zonke zibonisa ukungaqhubi kakuhle kwabafundi kwiilwimi. Le nto ingasukela ekubeni kuninzi lweziko iilwimi zasekhaya (iHL) zabafundi ziphakathi kolwimi olunye nezilishumi elinanye. Isiphumo soku kukuba uninzi lwabafundi bafundiswa ngolwimi olungelolwimi lwabo lwasekhaya. Ngaphezulu, ukukhula kweentlobo zokuthethwa kweelwimi zaseAfrika, kuquka neAfrikaans, kwenza ukuba lube ngumngeni unxibelelwano olubhaliweyo, olwenziwa ngeencwadi zabafundi (iitekstibhukhu), amaxwebhu ekharityhulam kunye namaphepha eemvavanyo zeANA.

Njengokuba ukuqondwa kolwimi kunefuthe elingqalileyo kwinkqubo yezinye izifundo, oku kuchaphazela konke ukufunda, yaye eli candelo lilandelayo lishwankathela ngokufutshane iziphumo zezi mvavanyo kuthethwe ngazo apha ngentla.

2.1 UkuHlola koNyaka kukaZwelonke

Oku kuhlola bekusoloko kuqhutywa ukususela ngo-2011 yaye lwenziwa kwiilwimi nakwimathematika kwiBanga loku-1-6 nele-9. Ezi mvavanyo zisetwa kuzwelonke kodwa ziqhutywa zize zikorekishwe ngootitshala beeklasi. KwiBanga lesi-3, 6 nele-9 ezi mvavanyo zisetyenziselwa ukunika ingxelo malunga nenkqubela yesistim yemfundo yaseMzantsi Afrika (jonga kwiTheyibhile yoku-1).

ITheyibhile yoku-1: I-ANA: Amazinga okuphumelela oLwmi lwaseKhaya kwiBanga lesi-3, 6 nele-9 (2012 – 2014)

	2012		2013		2014	
	iWCED HL	Kuzwelonke	WCED HL	Kuzwelonke kaZwelonke	iWCED HL	Kuzwelone
IBanga lesi-3	67.4%	56.6%	54.9%	57%	64.2%	56.5%
IBanga lesi-6	50.4%	38.7%	76.7%	67.6%	79.9%	74.6%
IBanga le-9	47.4%	38.9%	46.3%	37%	44.3%	47.8%

Amazinga okuphumelela oLwimi lwaseKhaya kwiBanga lesi-3, 6 nele-9, kule theyibhile ingentla, abonisa ukungazinzi kwiziphumo zeemvavanyo zeli thuba leminyaka emithathu, kokubini kwiphondo nakuzwelonke.

2.2 IiMvavanyo zeNkqubo zeSebe iWCED

Iimvavanyo zoLwimi lokuFunda nokuFundisa (iLOLT) kwiSebe iWCED zisetwa ngaphandle, ziqhutywe zize zikorekishwe zibe necandelo elifuna ukubhala okunabisayo. Ukususela ngo-2002 ukuya ngo-2009 ezi mvavanyo beziqhutywa kubafundi beBanga lesi-3 nelesi-6 ngeminyaka etshintshanayo ukwenzela ukulandela inkqubela kunye nokubona iingxaki.

Ngo-2010 iSebe iWCED beliqala ukuvavanya bonke abafundi beBanga lesi-3 nabelesi-6 ukwenzela ukukhangela imeko yokufundwa (learning) kolwimi nemathematika kwisikolo ngasinye seli phondo. Ibikwakokokuqala ukuba abafundi beBanga le-9 bavavanywe kumsetyenzana olingwayo obunikelwa ukukhangela elona zinga lisisiseko. Ngo-2011, iSebe iWCED liye lalandisa izinga lomngeni wengqiqo kwezi mvavanyo. Kuye kwaqukwa, ngokukodwa, iiteksti ezinde nezinzima nangakumbi kwezi mvavanyo, ukwenzela ukuba imiba yovavanyo ikwazi ukuthelekiswa nemiba esetyenziswe kwiimvavanyo zehlabathi kula manqanaba.

Iziphumo zezi mvavanyo zinika umfanekiso ozinzileyo nondindeneyo wokulungiswa kokufundwa (learning) kolwimi kwiNtshona Koloni kunalowo ukwiiANA.

ITheyibhile yesi-2: Iziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo kwiBanga lesi-3, 6 nele-9 kwiSebe iWCED (2012 – 2014)

IBanga	2012	2013	2014
IBanga lesi-3	38.9%	37%	42.4%
IBanga lesi-6	36.9%	30%	37.9%
IBanga le-9	48.2%	48%	47.6%

Iziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo zeSebe iWCED kwiBanga lesi-3 zibonisa ukunyuka okuthe chuu kwizinga lokuphumelela kwithuba leminyaka yango-2012 – 2014. KwiBanga lesi-6 kuqapheleka izinga lokuphumelela elingazinzanga. Ukususela ngo-2012 ukuya ngo-2013 liye lehla izinga lokuphumelela ngomyinge ophantsi ube yi-7%, nto leyo iye yalandelwa kukunyuka komyinge ophantse ube ngu-8% ngo-2014. Kwibanga le-9 izinga lokuphumelela ukususela ku-2012 ukuya ku-2014 libonakalisa ukunyuka okucothayo kodwa okucacileyo.

2.3 I-PIRLS

UPhando malunga neNkqubela kwiLitheresi yokuFunda yeHlabathi (iProgress in International Reading Literacy Study - iPIRLS) luphando olunamanani amakhulu oluthelekisayo lwempumelelo yezemfundo lusekelwe ukuqonda ifuthe lemigaqo-nkqubo kunye nokwenziwa kwiisistim zemfundo zehlabathi kumjikelo weminyaka emi-5. I-PIRLS isekelwe ukuvavanya injongo yokufunda kunye neenkqubo zokuqondwa kokufundwayo. Iinjongo zokufunda zicaciswa njengamava elitheresi kunye nokufumana kwanokusebenzisa ulwazi. Iinkqubo zokuqondwa kokufundwayo, kwelinye icala, zibonwa njengezi (a) ukubuyiswa kolwazi oluthethwe ngokuphandle; (b) ukwenziwa kweengqikelelo ezicacileyo; (c) ukutolidwa

> “ Iinjongo zokufunda zicaciswa njengamava elitheresi kunye nokufumana kwanokusebenzisa ulwazi. ”

> “ Phakathi konyaka ka-2000 no-2007 kuye kwakho ukwehla ekufikeleleni kwabafundi baseWC kwinqanaba lesi-8 (abafundi abaqiqayo) ukusuka ku-26.8% ngo-2000 ukuya ku-14.1% ngo-2007 ”

nokudityaniswa kwezimvo nolwazi, kunye (d) nokuvavanywa nokuholwa komxholo.

UMzantsi Afrika uye wathatha inxaxheba kuphando lwePIRLS 2 (2006) nakolwePIRLS 3 (2011). Ngo-2006 kuye kwanikwa ingxelo yokuba uMzantsi Afrika uye wafumana awona manqaku aphantsi, apho malunga ne-80% yabathathi-nxaxheba bengakwazanga ukufikelela kwelona zinga liphantsi lehlabathi. Ngo-2011, nangona bekukho ukuphucuka, amanqaku aphakathi angama-461 kubafundi bebanga lesi-4 kunye nama-421 kwabebanga lesi-5 ebesengaphantsi kwezinga eliphantsi elibekiweyo elingamanqaku angama-500. Oku kungaphantsi kunenkqubo yoninzi lwamazwe athatha inxaxheba, kuquka namazwe aseAfrika.

2.4 I-SACMEQ

IQumrhu leNdibaniselwano yaMazantsi neMpuma-Afrika ekuQwalaseleni umGangatho weMfundo (iSouthern and Eastern African Consortium for Monitoring Educaitonal Quality - iSACMEQ) ingathanda ukudlulisa amava nobungcali bayo ekuphuhliseni ukukwazi ukwenza kwabacwangcisi bezemfundo kumazwe angamalungu (jonga kwiGrafu yoku-1) isenzela ukuphuhlisa nokusebenzisa iindlela zesayensi ukubeka esweni nokkuhlola iimeko zokufunda ezikolweni kunye nomgangatho wemfundo.

Kwiimvavanyo zolwimi, amanqaku eNtshona Koloni esampule yabafundi beBanga lesi-6 aye ehla kuvavanyo luka-2007 aya ku-583.4 esuka kumanqaku angu-565.7 ango-2000. Amanqaku oMzantsi Afrika abe ngu-492.3. Uvavanyo lwezakhono zokufunda luvavanya abafundi ukususela ekufundeni kwaphambi kokufunda amagama ukuya kwisakhono sokufunda esisakhulayo, ukufunda okungundoqo, ukufundela intsingiselo, ukufundela ukutolika, ukufunda ngokuqikelela, ukufunda ngokuhlalutya ukuya kutsho ekufundeni ngokuqiqa. Phakathi konyaka ka-2000 no-2007 kuye kwakho ukwehla ekufikeleleni kwabafundi baseWC kwinqanaba lesi-8 (abafundi abaqiqayo) ukusuka ku-26.8% ngo-2000 ukuya ku-14.1% ngo-2007.

IGrafu yoku-1: Amazinga ezakhono zokufunda zamaphondo ohlukeneyo



2.5 ISatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke

Ezona lwimi zintathu zephondo sisiNgesi iAfrikaans nesiXhosa:

Kukho inani elikhulayo labafundi beBanga le-12 abakhetha isiXhosa uLwimi lwaseKhaya kunye nokuhla kwabafundi abakhetha iAfrikaansi uLwimi lwaseKhaya (jonga kwiTheyibhile yesi-3).





ITheyibhile 3: Inani labafundi abakhetha ezinye iilwimi kwimigangatho eyahlukeneyo (2008 – 2014)

Isifundo	2008	2009	2010	2011	2012	2013	2014
IAfrikaansi uLwimi lokuQala oloNgezelelw	13841	14603	14692	12858	15066	16353	16483
IAfrikaans ULwimi lwaseKhaya	20446	20227	20043	16273	18225	18540	18863
IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelel	28461	29004	29538	25564	27924	29589	29630
isiNgesi ULwimi lwaseKhaya	15957	16624	16707	14817	16997	18276	18396
IsiXhosa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo	586	587	584	584	540	602	600
IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya	9318	9974	10598	10322	10687	11950	11721

Bambalwa abafundi abatshona umgangatho woLwimi lwaseKhaya kwiNSC. Ukutshona kuphezulwana kwiilwimi ezongezelelweyo, apho uninzi lwako lukwiFAL yesiNgesi, nekhethwa ngabafundi beNSC abamalunga ne-32% (jonga iGrafu yesi-2).

IGrafu yesi-2: Izinga lokuphumelela iiLwimi kwiNSC (2008 – 2014)



> “Ukutshona kuphezulwana kwiilwimi ezongezelelweyo, apho uninzi lwako lukwiFAL yesiNgesi, nekhethwa ngabafundi beNSC abamalunga ne-32%„

3 >**IsiNdululo** sesi siCwangciso-nkqubo soLwimi

IsiCwangciso-nkqubo soLwimi sijonge ukuphucula ukufunda okukwizinga eliphezulu kwiiLwimi ngokwenjenjalo sisingatha imingeni exelwe kwiCandelo lesi-2. Esi sicwangciso-nkqubo sigxile ekudibaniseni iidayimenshini ezine zokufundiswa koLwimi ngokusemgangathweni ezizezi (jonga uMzobo 1 apha ngezantsi):

3.1 **Ukuphuhliswa kwabantu**
(ukutyala kwiiarhente ezibandakanyekayo)

3.2 **Iindlela zokufundisa ezisebenzayo**
(ukusebenzisa izingcwangciso-nkqubo zokufundisa ezisebenzayo eziya kukhokelela ekufundeni)

3.3 **Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo**
(ukufunyanwa nokusetyenziswa kakuhle kwezixhobo)

3.4 **Ukubekwa esweni nokuhlolwa**
(ukuqwalaselwa (nokuziqwalasela) okuqhubelekayo okwenzelwa ukugqamisa impumelelo).



Umzobo 1: Iidayimenshini nemiba yesiCwangciso-nkqubo soLwimi seSebe iWCED (2015-2019)

Kukho ukusebenzisana okuqhubekayo phakathi kweedayimenshini ezahlukeneyo zesicwangciso-nkqubo njengokuba ootitshala nezikolo besebenzela ukufundisa okungcono. Kodwa ke, ugxininiso olubekwa kwidayimenshini nganye okanye indibanisela yazo lusenokutshintsha ngenxa yeemeko neemfuno zezikolo njengokuba kukhangelwa ezona ziphumo zokufunda zibalaseleyo. Idayimenshini nganye inemiba engundoqo ebalulekileyo ekuphuculeni inkqubo yokufundisa neyabafundi kwiiLwimi. Nangona zonke ezi dayimenshini ziza kusingathwa kwisigaba ngasinye, isigaba sokukhula komfundi, ngokunjalo nemeko yekharityhulam nesikolo zizo eziza kubonisa ugxininiso.

Iqela elikhulu lophando, elithetha malunga neenyani malunga nokunikwa kwezinto zokufundisa eNtshona Koloni, lilo eliye laxhobisa esi sicwangciso-nkqubo. Kukho ukuvumelana okuphangaleleyo malunga nokuba ukufundisa okusemgangathweni ophezulu kungancediswa ngeendlela zokufundisa "ezifanelekileyo".

Esi sicwangciso-nkqubo sisekelwe kwizimvo ezivela kuphando malunga neendlela zokufundisa ezisebenzayo, phando olo lugqamisa iindlela zokuqhutywa kokufundisa kunye neenkqubo zokuzilungiselela ezisetyenziswa ngootitshala, yaye lukwabonisa ukuba ezi zinto zinomahluko eziwenzayo ekufundeni izifundo nentlalo kwabo bonke abafundi (jonga isiHlomelo A).

Uphando lukwancedise ekuchongeni iimpawu ezinefuthe elibonakalayo nelinentsingiselo ekufundeni kwabafundi – hayi nje ifuthe elakhayo. Olu phando lukwasincedise nasekuqondeni ukuba zeziphi izenzo zokufundisa ezenze umahluko omkhulu, ngelixa lukwabonisa ukuba ngubani oyena unoxanduva ngezi zenzo (jonga kwisiHlomelo B).

Eli candelo lilandelayo licacisa imiba echongiweyo kuyo nganye kwezi dayimenshini zine zesicwangciso-nkqubo seeLwimi seSebe iWCED. Kunikwa izikhokelo nemimiselo ephangaleleyo. Kuza kuphuhliswa iinkcukacha ngokuya siqhuba esi sicwangciso-nkqubo kwiziCwangciso zoPhuculo zesiThili nakwiziCwangciso zoPhuculo zeziKolo zale minyaka mihlanu izayo.

> **“ Nangona zonke ezi dayimenshini ziza kusingathwa kwisigaba ngasinye, isigaba sokukhula komfundi ngokunjalo nemeko yekharityhulam nesikolo zizo eziza kubonisa ugxininiso. ”**



People development

a) Uqeqesho lootitshala namagosa ezemfundo
b) Amaqela ootitshala/ amagosa axhasana ngezakhono
c) Ukhankaselo lwabasebenzi, ukungeniswa emsebenzini nokugcinwa besemsebenzini
d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi
e) Ukubandakanyeka kwabazali
f) Ubambiswano olubandakanyekayo

4 >IsiCwangciso-nkqubo soLwimi

4.1 Ukuphuhliswa kwabantu

Esi siCwangciso-nkqubo soLwimi sikhuthaza uqeqesho lwabo bonke abachaphazeleka ekufundisweni kolwlimi kweli phondo: ootitshala, amagosa ezemfundo, abafundi, abazali, iiHEI kunye nabanye ababambisani besi sifundo abafanelekileyo.

a) Uqeqesho lootitshala namagosa ezemfundo

- Ukuqhutywa kokukhangelwa kwezakhono nokusekwa kwedathabheyisi yezakhono zootitshala bolwimi ukwenzela ukufumanisa iimfuno zabo zoqeqesho.
- Ukunikwa kokuqondwa okunzulu kokuqhubeleka kwekharityhulam kunye nenkqubela phambili kumabanga nezigaba zonke.
- Ukuphuhliswa kokukwazi kootitshala ukuhambelanisa iinjongo zokufunda, ukufundisa kunye nokuhlola.
- Ukugxila ekuhloleni okusesikweni ukwenzela ukomeleza ukufunda (learning).
- Ukuhlumisa ubunkokeli nolawulo olusebenzayo kwikharityhulam ngokuqinisekisa ukuba iiHoD nootitshala abakhokela isifundo soLwimi zithatha inxaxheba ekomelezeni iiforam zokubagcina benolwazi ngokuqhubekayo kuphuhliso lwesifundo soLwimi.
- Ukuqinisekisa ukuba ootitshala abasuka kwizikolo ezichongiweyo bathatha inxaxheba kwiinkqubo zoqeqesho oluthile lolwimi ngokwebanga ukwenzela ukuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi.
- Ukunika inkxaso yasesikolweni yokufundisa okwahlukeneyo.

b) Amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC)

- Ukukhokela abacebisi besifundo, amaqela olawulo lwesikolo kunye nootitshala abakhokela izifundo ukuba baqale, bancedise baze basebenzise iiPLC ezikolweni naphakathi kwezikolo ukwenzela ukukhuthaza ukwabelana ngezona ndlela zisebenzayo kwanokusebenza ngokubambisana.

c) Ukukhankaselwa kwabasebenzi, ukufakwa kwabo emsebenzini kunye neendlela zokubagcina besemsebenzini

- Ukwenza abafundi abanesakhono sokutitsha bazi malunga neebhasazi zokufundela ukutitsha ezikhoyo.
- Ukunika amaqithi-qithi ukwenzela ukugcina ootitshala bolwimi abanemveliso nabanezakhono.
- Ukukhuthaza ukuqeshwa kweetitshala ezizingcali nezikwaziyo ukufundisa uLwimi.

d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi

- Abafundi kufuneka banikwe amathuba anabileyo nabacela umngeni ekufundeni nasekubhaleni.
- Abafundi kufuneka bawenze umsebenzi wasekhaya yaye ibe ngabo abaphala phambili ekufundeni kwabo bekwafumanisa ukuba impumelelo idinga ukuzincama nokusebenza nzima.
- Ukukhuthaza ukufundisa okuncedisa abafundi ukuba banxulumanise ulwazi lwabo nolo lwazi basuka nalo emakhaya, ukunxulumanisa ulwazi olutsha kunye nelizwe elingaphaya kwegumbi lokufundela ukwenzela ukubeka ulwazi kwimida nangaphaya kwemida yesifundo.

e) Ukubandakanyeka kwabazali

- Ukuqhuba iindlela ezifanelekileyo zokuqinisekisa ngenkxaso yabazali noluntu ekufundweni nasekufundisweni kolwimi kubo bonke abafundi.
- Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelayibrari, ukusekwa kwamaqela okufunda iincwadi (book clubs) ukutyala imali kumakhuphiswano okufunda nokupela, ukuxhasa ngemali uqhagamshelo kwi-intanethi ezilayibrari kunye nokusetyenziswa koovimba bolwimi abakwiindawo zoluntu.
- liNkqubo zeLitheresi yoSapho kufuneka ziqiniswe zizikolo kuzo zonke iindawo zoluntu.
- Ukuququzelela imicimbi yoLwimi yosapho apho abazali nootitshala bazibandakanya kwimisebenzi esekelwe kulwimi efana neScrabble, iiphazili zokufakela amagama, njalo njalo.

f) Ubambiswano olubandakanyekayo

- ISebe iWCED lixhasa imeko yokwabelana ngolwazi, izimvo kunye namava ngobambiswano oluhambelana neemeko oluphakathi kwezikolo namaqhela achaphazelekayo angaphandle.
- Kukhuthazwa uhambelwano olukhulu phakathi kwezenzo zamacandelo abucala nezikolo.

4.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo

Iindlela zokufundisa ezisebenzayo zibhekisa kwiindlela zokufunda nokufundisa ezixhasa impumelelo yomfundi ephucukileyo. Esi sicwangciso-nkqubo sikhuthaza iindlela zokufundisa ezisebenzayo ekufundisweni koLwimi kwanokuxhaswa kokufunda kwezinye izifundo ngokugxininisa umgangatho wengqiqo, ukubaluleka kolwimi kuzo zonke izifundo (iLanguage across the curriculum - LAC), ukuhlolwa kokufunda (learning), ukudala imeko yeeklasi ezisemgangathweni kunye nokufundwa (reading) nokucaciswa kakuhle kwemigaqo-nkqubo yemfundo.

ISebe leMfundo esisiSeko liseke umgaqo-nkqubo welizwe obizwa ngokuba kukuFakwa kweeLwimi zesiNtu ngokweziGaba (Incremental Introduction of African Languages - IIAL). Lo mgaqo-nkqubo ujonge ukukhuthaza nokomeleza ukusetyenziswa kweeLwimi zesiNtu ezikolweni ngobafaka abafundi ngokwezigaba ekufundeni iilwimi zesiNtu ukusuka kwiBanga loku-1 - 12. ISebe iWCED likhangela iindlela zokomeleza ukufundiswa kweeLwimi zesiNtu.

a) Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo

- Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo
- Ukugxininisa kakhulu kwizakhono zolwimi ezikukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubuka kunye nokubhala nokunikezela kuzo zonke izigaba.
- Ukugxila kumgangatho ophezulu wengqiqo kubalulekile kubo bonke abafundi ukuze baqhube kakuhle ezifundweni zabo.
- Iinkcazelo neengxoxo zabafundi kufuneka zibonise ukuphelela nokunzula kokuqonda kwabo.
- Ukusebenzisa imibuzo nemizekelo ehlupheza uluhlu lwamazinga engqiqo.

b) Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo

- Ulwimi lubalulekile ekufundeni yaye kufuneka lukhuthazwe ekufundisweni kwazo zonke izifundo.
- Ulwimi lokufunda nokufundisa (iLoLT) maluphuhliswe ngabo bonke ootitshala.
- Ukuqinisekisa ngokuthatha inxaxheba kwesikolo sonke kumsetyenzana weLoLT ojonge ukwandisa ukusetyenziswa kolwimi nokuphuculwa kwendela abaqhuba ngayo abafundi. Ukuhlalutya idatha yokuhlola ukwenzela ukujonga iingxaki zolwimi nokucwangcisela ungenelelo oluyimfuneko.
- Intsebenziswano phakathi kootitshala boolwimi nootitshala bezinye izifundo yinto ebalulekileyo ekomelezeni izakhono zolwimi kuzo zonke izifundo zekharityhulam. Bonke ootitshala ngootitshala bolwimi yaye kufuneka bafundise nolwimi lwesifundo sabo.

c) Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda

- Ukuhlola makwenzelwe ukukhuthaza ukufunda.
- Ukuyila uze uqhube ukuhlola okusisiseko kubafundi abakwibanga elitsha.
- Ukuyila imisebenzi yokuhlola enika ulwazi olufanelekileyo malunga nempumelelo yokufunda nokufundisa.
- Ukunyuswa kwenani lezikolo ezithatha inxaxheba kwimiNgeni, amaKhuphiswano neeOlimpiyadi zoLwimi.

d) Ulawulo olusemgangathweni lweklasi

- Ukuyila imeko yeklasi egcwele ziiteksti, nemenza umfundi azive amkelekile.
- Abafundi bahloniphane, basebenze ngabanye, ngababini nangamaqela ukuphuhlisa ukuqonda okungcono kunye nokuthatha uxanduva ngemfundo yabo neyabanye abafundi.

e) Ukutolikwa ngendlela komgaqo-nkqubo

- Iinqununu, iiHoD, ootitshala batolike ngokuchanekileyo ikharityhulam yoLwimi ebekiweyo ngokweemfuno zokufundisa nokuhlola ngokunjalo nangokufakwa kwayo kwisicwangciso samaxesha okufundisa (i-time-table).
- Ootitshala bakuqonde ukuqhubeleka nenkqubela-phambili yemixholo/izakhono ukusuka kwisigaba esithile ukuya kwesinye kwanendlela ukufundiswa nokukhunjuzwa kwabafundi ngomxholo/izakhono kwisigaba esithile okwenza ngayo isiseko sokufundwa kolwimi kwisigaba esilandelayo.



Ukusetyenziswa kweendlela zokufundisa ezisebenzayo

a) Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo
b) Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo
c) Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda nokufundisa
d) Ulawulo olusemgangathweni lweklasi
e) Ukutolika kakuhle umgaqo-nkqubo



Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/ kwezakhiwo

a) Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo
b) Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo
c) Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda

4.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo

Ukufundiswa ngempumelelo kolwimi kufuna ukuba ukuchongwa nokusetyenziswa konxulumaniso kwezixhobo ezikhoyo kunye nokusetyenziswa kwezakhiwo ukunzulisa nokunabisa ulwazi lolwimi. Izixhobo zokufundwa kolwimi kufuneka:

- zinike uluhlu lwemisebenzi esekelwe kwiiteksti
- ukulungiselela ukukhula komfundi ngamnye
- ukukhuthaza imisebenzi yokufunda nokubhala emininzi kunye nendlela yokufunda ngokwenza
- ukukhuthaza abafundi ukuba babuze, bacinge, baphendule, bacamngce, baze bathathe izigqibo ngeendlela ezikhulisa izakhono zabo zokuqiqa nokuthatha izigqibo
- ukunika abafundi ithuba lokukhetha nokutshintsha ngendlela ehambelana neemfuno ezinxulumene nokukwazi ngendalo, ukukwazi ukusebenza kunye neendlela zokufunda zomfundi ngamnye

a) Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo

- Umgaqo-nkqubo wesikolo ucacisa indlela oluza kuxhaswa ngayo ngezixhobo uLwimi lwaseKhaya (iHL) kunye noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (iFAL).
- Isikolo sinesicwangciso sokuthenga iincwadi zabafundi neencwadi zokufunda ezifanele ibanga ngalinye.
- Isikolo kufuneka siqinisekise ukuba ukukhutshelwa kwabo bonke abafundi izixhobo ezixhasa abafundi; ukugcina ubhaliso lweeasethi ukwenzela ukubeka esweni ukugcinwa kwezixhobo kunye nokusetyenziswa kwemali eyabelwe zona kunye nezinye iindlela zokuncedisana nezixhobo/ izakhiwo ngendlela ezifuneka ngayo ekuqhutyweni kwesiCwangciso soPhuculo lweSikolo soLwimi.

b) Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo

- Ukusebenzisa uluhlu oluphangaleleyo kwezixhobo ezifanelekileyo zokufundiswa kolwimi.
- Ukukhuthaza ukubambisana kwezikolo ukuyila nokwabelana ngezixhobo nezakhiwo.

c) Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda

- Ukuphonononga nokucebisa malunga neesoftwe ze-e-learning kunye nezixhobo zedijithali ezixhasa ukufunda okwahlukeneyo (differentiated learning).
- Ukufakwa nokwabelana ngeemathiriyeli ezifanelekileyo zolwimi kwiseva yeSebe iWCED.
- Ukuqinisekisa ukuba abazali bayazazi ezi zixhobo ukwenzela ukuba bakwazi ukuncedisa nokuxhasa nokuncedisa ukufundwa nokugqwesa kulwimi.

4.4 Ukubekwa esweni nokuHlolwa

Ukuphuculwa kokufundisa okuya kuzinzisa ukufundwa nokufundiswa kolwimi kuxhomekeke ekubeni kumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kumanqanaba ohlukeneyo esistim yezemfundo. Oku kujonga nokulungiswa kweendlela zokufundisa kuko ekufuneka kukhokele utshintsho kwesi siCwangciso-nkqubo soLwimi.

a) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo

- Isikolo ngasinye siza kwenza isicwangciso sophuhliso solwimi esiqhutywa ziithagethi, loo nto siyenza sisebenzisana nabo bonke abafanele ukuthatha inxaxheba.
- Kubekwe esweni ukufunda nokufundisa ngokulandelela inkqubela nokulungisa iindlela zokufundisa.
- Ukuhlolwa kokusebenza, ifuthe neziphumo zokufundiswa kolwimi ngokubeka esweni indlela efundiswa ngayo ikharityhulam kunye nenkqubo yabafundi kwiiSBA, kusetyenziswa isixhobo sokubeka esweni ngokuphangalelelyo seSebe iWCED ukwenzela ukusigxilisa kwinkxaso esekelwe eklasini.
- Kuhlolwe inkqubo yabafundi kwimiSetyenzana yokuHlolwa okuseSikweni.
- Ukuhlola ukusebenza kweeLTSM.
- Kuqhutyekwe nokuphucula indlela ekuqhutywa ngayo koLwimi ngokuthi kulungiswe iSBA yasesikolweni ngokwedatha efunyenwe kukuhlolwa kwenkqubo kukazwelonke nokwephondo.
- Izikolo kufuneka zilandele umgaqo-nkqubo wokumodareyitha kwasesikolweni zize ziqhubeke nokuwuphucula zithathela ingqalelo uphuhliso lwesifundo kunye neendlela ezingcono zokufundisa.
- Ukuqinisekisa ukuba imisetyenzana yokuhlola okusesikweni kuyamodareyithwa ngaphakathi esikolweni phambi kokuba kunikwe abafundi.
- Ii-SMT kufuneka zixhase intloko yesifundo/iHoD ekulawuleni iqela lesifundo ngokuqinisekisa ngokusetyenziswa ngokukuko kwexesha lokufundisa, ngokumodareyithwa kokuhlola kunye noxanduva lokusingatha izinto ezingenzekanga kakuhle.
- Ukuphuhlisa izakhono zeeSMT zokulawula nokubeka esweni ukwenzela ukufundwa nokufundiswa kolwimi okuphucukileyo.

b) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili

- Ukuphuhlisa izakhono zokulawula nokubeka esweni zawo onke amagosa ezithili.
- Ukuhlolwa kokugqitywa kwekharityhulam, ifuthe nesantya sokuqhutywa kwayo ngokuhambelana namazinga asisiseko abekwe nguzwelonke.
- Ukumodareyithwa kwezicwangciso zokufundisa kunye neeLTSM ukwenzela ukukhangela ukuba imisantsa iyasingathwa na.
- Izithili kufuneka zenze isiCwangciso sokuPhucula uLwimi kwiiDIP zazo ukwenzela ukuba zinike ingxelo kwizitraktrsha zephondo nezikazwelonke.
- Izithili kufuneka (1) zibeke esweni ukulandelwa kwekharityhulam ngokunjalo nokusetyenziswa kwexesha lesikolo; (2) ziqinisekise ukuba isikolo ngasinye sinomgaqo-nkqubo wokuhlola nokumodareyitha; (3) zimodareyithe ziqinisekise iSB; (4) zibeke esweni ukusetyenziswa nokugcinwa kakuhle kwezixhobo, kuquka neencwadi zabafundi.
- Ukumodareyitha nokuqinisekisa ukuhlola ngokuqinisekisa ukuba zonke izikolo zilandela umgaqo-nkqubo wokumodareyitha wangaphakathi esikolweni.
- AbaLawuli beeSekethe kunye nabaCebisi beziFundo banika ingxelo ezithilini malunga nenkqubela ekufundweni kolwimi.
- Ukuqinisekisa ukuba kuqeshwa ngokusebenzisa, umz. uvavanyo lolwazi lweeHoD ukwenzela ukomeleza iiSMT, amacandelo enkxaso ezithilini nakandlunkulu.

c) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likaNdlunkulu

- Ukuphuhlisa izakhono zokulawula nokubeka esweni zawo onke amagosa okufundiswa kolwimi akundlunkulu.
- IiSCP kufuneka ziqhube iiwekshophu zokuxhasa amagosa nootitshala ekufezekiseni iziphumo ezifunekayo.
- Ukuphandwa kweziphumo zeemvavanyo ezisetwe ngaphandle ukwenzela ukukhangela imisantsa kulwazi nto leyo iya kuncedisana neendlela zokuxhasa ootitshala kunye nezicwangciso zophuculo zezikolo nezezithili ezenziwa rhoqo ngonyaka.
- Ukufuthela ukuyilwa kweekhosi zophuhliso nobunkokeli bootitshala ukwenzela ukuphuhlisa ubunkokeli nolawulo lwekharityhulam olufezekisa iinjongo ezibekiweyo.
- Ukuquka ukubekwa esweni nokuxhaswa koLwimi kwiikhosi zokufakwa emsebenzini zaseCTLI ezinikwa bonke abakwizithuba zolawulo nobunkokeli.
- Ukucwangciselwa kweekhosi zokufakwa emsebenzini kootitshala bolwimi abatsha.
- Ukuphonononga esi sicwangciso-nkqubo rhoqo ngonyanga ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iithagethi zesicwangciso-nkqubo sangaphambili ziyafezekiswa, kuze apho kuyimfuneko kwenziwe uhlenga-hlengiso oluya kuqinisekisa ngokuqhutywa kwaso ngokuyimpumelelo.

d) Ukukhuthazwa kwesi sifundo kunye nesi sicwangciso-nkqubo

- Ukuqinisekisa ukuba onke amagosa, ootitshala, abazali nabafundi bayakuqonda ukubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo.
- Ukuhlola, ukuqondwa kokuqhutywa kwesiCwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo zizithili, izikolo kunye neendawo zoluntu.
- Ukuxhasa utshintsho kwisicwangciso-nkqubo esicwangcisiweyo, apho kuyimfuneko.
- Ukufundisa abafundi malunga nokubaluleka kolwimi.
- Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafunda ulwimi kwinqanaba elichanekileyo.



Ukubeka esweni nokuHlola

a) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo
b) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili
c) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likandlunkulu
d) Ukukhuthazwa kokubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo kunye nesi sifundo

5 > IsiCwangciso-nkqubo soLwimi **sicaciswa ngokwebanga ngalinye**

Esi sicwangciso-nkqubo solwimi sephondo senzelwe isigaba ngasinye kwezi zine zesikolo – isiGaba esisisiSeko (iBanga R – 3); isiGaba esiPhakathi (iBanga lesi-4 – 6); isiGaba esiPhezulu (iBanga lesi-7 – 9) kunye nesiGaba seFET (iBanga le-10 – 12). Imiba yedayimenshini nganye yesigaba ngasinye kufuneka ifundwe nesicwangciso-nkqubo gabalala kwiCandelo lesi-4. Nangona kukho imiba efanayo kwisigaba ngasinye, injongo yeli candelo lesi sicwangciso-nkqubo kukugqamisa ezo mpawu, izakhono nemingeni ejongene nesigaba ngasinye, ibanga ngalinye kweso sigaba.

5.1 IBanga R – 3

5.1.1 Ukuphuhliswa kwabantu

a) Uqeqesho lootitshala namagosa ezemfundo

Ukuqonda indlela olukhula ngayo ulwimi ukususela ekuzalweni kunye nokubaluleka kolwimi ekufundeni. Ukuphucula ulwazi lomxholo nolwazi lweendlela zokufundisa zeHL neFAL, kuquka ukongezwa kolwimi phezu kolwasekhaya (additive bilingualism), indlela yokulungelelanisa iilwimi (balanced language approach), ilitheresi esakhulayo kunye nendlela yokufundisa ukudlala kwiBanga R. Ukuphuhlisa ukuqondwa kokuqhubeleka kwekharityhulam kunye nenkqubela kuwo onke amabanga nezigaba zonke kwanokuqinisekisa ngokuhambelana phakathi kweenjongo zokufunda, ukufundisa nokuhlola. Ukuxhasa ukuveliswa kwezicwangciso zokufundisa ezinakho ukwenzeka. Ukuqhutywa koqeqesho lootitshala olukhatshwa luphando, ukubekwa esweni kunye nenkxaso yasesikolweni. Ukuqhutywa kokufundiswa kwamaqela ngokwahlukeneyo. Ukukhuthaza ukufundwa koluhlu lweencwadi zabantwana kunye nezinye iincwadi. Ukusingathwa kokusilela kulwimi, imiqobo kunye neengxaki zokufunda. Ukuqinisekisa ukuba abaCebisi beziFundo beFP kunye nooHOD baseFP bayakuqeqeshelwa ukubeka esweni nokuxhasa kwiiLwimi ukususela kwiBanga R ukuya kwelesi-3. Ootitshala bazinika ithuba lokujonga inkqubo yabo balungise rhoqo, bahlole baze basingathe izakhono nemingeni yabo yolwimi. Ukuyila idathabheyisi yezakhono zeendlela zokufundisa zootitshala, ukubeka phambili ukuya ezikhosini kunye nokuphelisa ukuphindwa-phindwa koqeqesho okungeyomfuneko.

b) Amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC)

Ukuqalisa nokukhulisa iiPLC zibe ngoovimba bolwimi ukwenzela ukuphucula ukwabelana ngezona ndlela zingcono zokwenza kunye nokusebenzisana. Ukusebenzisa iiPLC ukuzinzisa uphuhliso lootitshala kunye nokwenza ukuba izikolo zisebenzisane ekunikeni bonke abafundi okona kufundwa nokufundiswa kolwimi kunokufumaneka. Ukuhlalutya imisantsa yokufundisa echongwe kwiSBA kunye novavanyo lwenkqubo kwanokuyilwa kwamaphulo okungenelela okusingatha loo misantsa. Ukuthathela ingqalelo nokunika iamaqithi-qithi ootitshala abakhokela izifundo/abalungiseleli beePCL ukuze bancedise (mentor) oogxa babo. Ukukhuthaza ukuyikwa kweekhosi ezimfutshane ukwenzela ukuxhasa, ukulungisa ngokutsha kunye nokomeleza izenzo zokufundisa.

c) Ukukhankaselwa kwabasebenzi, ukufakwa kwabo emsebenzini kunye neendlela zokubagcina besemsebenzini

Ootitshala besiGaba esisisiSeko baziingcali, ngoko ke kuyimfuneko ukuba isikolo siqeshe ootitshala baseFP abaqeqeshelwe la mabanga. Ootitshala abafunde ulwimi bayakhuthazwa ukuba babe ngabaqeqeshi bokufunda nokubhala. Ukuqhuba umsebenzi omkhulu wokukhankasela ootitshala abafanelekileyo beFP kwiiHEI, titshala abo kufuneka babe nolwazi olufanelekileyo lolwimi yaye kubekho amaqithi-qithi yokugcina ootitshala abaziingcali zeFP. Ukukhuthaza ukuqeshwa kootitshala abawaziyo umsebenzi wabo. Ukunika amaqithi-qithi kootitshala abanokuba ngabo (abakhokelayo), iintloko zezifundo okanye iiHoD ezibonakalisa isakhono. Ukuyilwa kwenkqubo yokufakwa emsebenzini kootitshala abatsha ukwenzela ukuvelisa izakhono zokufundisa uLwimi neLitheresi. Ukunika uqeqesho nenkxaslo efanelekileyo kubo bonke ootitshala abatsha ukwenzela ukuqinisekisa ukuba bakuqhuba kakuhle ukufundisa iHL kunye nangakumbi isiNgesi iFAL.

d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi

Ukuxhasa abafundi ukuze bafunde ukuzithemba. Ukuze yenzeke le nto, abafundi kufuneka bafumane isikhokelo esivela kutitshala esicacileyo nesizinzileyo ukuze baye bekwazi ngokukwazi ukuthatha amanyathelo afanelekileyo okuba ngabasebenzisi bolwimi (abafundi nababhali) abomeleleyo. Ukuseka imeko eqhelekileyo yeklasi eqinisekisa ukuba abafundi bayakonwabela ukufunda yaye bayakuqonda ukuba kubalulekile ukufunda kwabo. Ukukhuthaza iindlela zokufundisa ezinceda abafundi ukuba banxulumanise ulwazi olutsha neendawo abazaziyo, umz. emakhayeni abo kunye nasezidolophini/ezilalini.

e) *Ukubandakanyeka kwabazali*

Ukwazisa malunga nesi sicwangciso-nkqubo soLwimi seSebe iWCED njengesicwangciso sophuculo. Ukukhuthaza ukufundisa ngeLoLT; kodwa ke ilungelo labazali lokukhetha iLoLT kufuneka lihlonitshwe. Ukuqhuba iindlela ezifanelekileyo zokuqinisekisa ngenkxaso yabazali noluntu ekufundweni nasekufundisweni kweelwimi. Ukuxoxa nabazali malunga nezakhono zokulungiselela ezidingekayo ekuphuculeni nasekugcineni izakhono zabantwana babo zolwimi, umzekelo incwadana ethi, "Wamkelekile kwiBanga loku-1". Ukusebenzisana nabazali ukuxhasa (1) ukufunda nokubhala ekhaya kunye (2) iithagethi nezicwangciso-nkqubo zesikolo. Ukuqondisa abazali ukuba into abayilindele emntwaneni inefuthe elibalulekileyo kwimpumelelo yomntwana.

f) *Ubambiswano olubandakanyekayo*

Ukubambisana kwimisebenzi eyenziwa ziiNGO, iiHEI namacandelo abucala anika uncedo lolwimi esikolweni noluncedisana nezithili kunye nezikolo ekubekeni nasekufezekiseni iithagethi ezifanelekileyo (njengoko zibekwe kwiziCwangciso zoPhuculo zeziThili (iiDIP) kunye neziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (iiSIP). Olo lungiselelo kufuneka lwenziwe ziingcali zoLwimi, iinkokeli ezaziwayo kunye nabo baqhuba ukufundiswa kolwimi nelitheresi. Amaphulo ongenelelo abandakanya ubambiswano lokusebenza kufuneka abe nomgaqo-sikhokelo (framework) yaye ukhatshwe yindlela yokubeka esweni nokuhlola.

5.1.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo

a) *Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo*

Ukufundiswa kolwimi kusebenza njengesango nendlela eya ekufundeni. Ukuqiniseka ukuba ukufunda nokubhala kuvumela abafundi ukuba bacinge baze baqonde iindlela zokujongana nolwimi olubhaliweyo oluya lusiba nzima. Ukubabonisa nokubaphuhlisa kulwimi olutyebileyo, kuquka nolwimi olulandela umgaqo othile. Ukubanika nokubagcina benesiseko esiluqilima solwimi kuzo zonke izinto abazifundayo. Ukwenza izicwangciso zezifundo ezisebenzisa indlela elandela inkqubo ethile ukwenzela ukukhulisa nokwakhela phezu kwemixholo nezakhono ezikwiCAPS ezinobunzima obuya bukhula. Ukusebenzisa iCAPS ukuseka eyona migangatho isezantsi yolwimi, inkqubo nenkqubela yabafundi. Ukuhlalutya imisantsa yokufundisa echongwe kwiSBA kunye novavanyo lwenkqubo kwanokuyilwa kwamaphulo okungenelela okusingatha loo misantsa.

b) *Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo*

Ukufundiswa nokugxininiswa kwezakhono ezine zolwimi kuzo zonke izifundo, hayi nje kwisifundo soLwimi. Ukufundwa nokufundiswa kwemixholo nesigama esingqamene nesifundo okwenziwa kubonakale eklasini nakumsebenzi wabafundi.

c) *Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda nokufundisa*

Ukuyila nokuqhuba ukuhlolwa okusisiseko kwezakhono ezilungiselelayo kuwo onke amabanga. Ugxininiso malube sekuhloleni okulungiselela ukufundisa. Ukuyila imisebenzi yokuhlola enika ulwazi olufanelekileyo malunga nempumelelo yokufunda nokufundisa kwizakhono nomxholo ofanelekileyo weFP. Ukuyila imisebenzi yokuhlola yeBanga R-3 exananazileyo ngokwamazinga engqiqo. Ukusebenzisa imisetyenzana eyimizekelo yokuhlola xa uyila imisetyenzana yakho eyimpendulo yeemfuno zikatitshana nabafundi. Ukunika abafundi ingxelo ekhawulezileyo kunye neempendulo ezijonge ekuvaleni umsantsa ophakathi kweyona mpumelelo yabafundi kunye nempumelelo efunekayo. Ukusetyenziswa kobungqina obuvela ekuhloleni ukuyila izicwangciso zokuphucula inkxaso enikwa abafundi.

d) *Ulawulo olusemgangathweni lweklasi*

Uphuhliso lolwimi ebantwaneni abancinci lungakhuliswa kwimeko ebonakalisa inkathalo nekhuselekileyo. Ukunikwa kwamagumbi okufundela anezixhobo ezifanelekileyo ezaneleyo, umz. incwadi zokufunda, iincwadi zamabali zamanqanaba ngamanqanaba, iincwadi zokusebenzela, iincwadi zabafundi (iitekstbhukhu). Ukudala imeko yokufunda nokufundisa eyamkelayo, exhasayo, ekhuthazayo negxile ekufundeni ukuze abafundi bakwazi ukukufezekisa ngokupheleleyo oko banamandla okukwenza. Ukuzithathela ingqalelo nokubonakalisa ukuzihlonipha zonke iilwimi. Ukuhlupheza ukuzinqwanqwada kunye nokufundisa ngokuba ngumzekelo, ukusoloko usebenzisa ulwimi ngokuchanekileyo. Ukugxila ekufundweni nasekufundisweni kolwimi okwenziwa ngabom kufuneka kwenzeke imini yonke, kwisifundo solwimi, kuzo zonke iilwimi, kwiimeko zokufundisa okuzenzekelayo. Ubudlelwane phakathi kolwimi lomfundi kunye neLoLT yesikolo kufuneka buthathelwe ingqalelo. Iimeko ezisebenzisa iilwimi ezininzi zinika amathuba olwimi ekufuneka ootitshala bewasebenzise ngokupheleleyo. Ukufunda nokufundiswa kolwimi okwenzeka ngokwahlukeneyo nangokwamanqanaba ngamanqanaba kufuneka kubonakale kubo bonke abafundi Abafundi abanokala benokusilela okukhulu kulwimi mabanikwe iinkqubo ezikhethekileyo. Ulwimi lwesiNgesi, nokuba kumgangatho weHL okanye weFAL, kufuneka lomelezwe ngendlela ebonakalayo kwizikolo iLoLT etshintsha ibe sisiNgesi ukususela kwiBanga lesi-4 ukuya phezulu. Indlela yokufundwa nokufundiswa kolwimi ngendlela yokulungelelanisa iilwimi kufuneka yenzelwe ukuqinisekisa ngophuhliso lolwimi oluphangaleleyo, olululoqobo noluzinzileyo.

e) Ukutolikwa komgaqo-nkqubo

ENtshona Koloni, iAfrikaans HL, isiNgesi HL nesiXhosa HL zezona lwimi zifundiswa kumgangatho weHL, ize iAfrikaans FAL nesiNgesi FAL zibe zezona lwimi zeFAL. Akukho maxwebhu eCAPS oLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (iSAL) KWIfp. Izikolo ezingazifundisiyo iilwimi zesiNtu zisenokukhetha ngokuzithandela isiXhosa njengenxalenye of the yekharityhulam yaseFP, ngokuxhomekeke ekubeni iSGB iyaluxhobisa olu lwimi yaye nexesha elongezelelweyo lokufundisa liyabonakala kwisicwangciso samaxesha okufundisa (ithayimtheyibhile). KwiBanga R yiHL kuphela enyanzelekileyo kodwa izikolo ziyakhuthazwa ukuba zifake neFAL ngokungekho sikweni, nefundiswa kwiBanga loku-1. Izifundo zolwimi ezinyanzelekileyo yiHL neFAL. Apho isiNgesi sikukuphela kweLoLT ukususela kwiBanga lesi-4, izikolo kufuneka zifundise isiNgesi njengeFAL zize zisebenzise elona xesha lininzi leFAL nelona xesha lincinci leHL, ubuncinane ukusuka kwiBanga lesi-3. Izikolo kufuneka zibe nomGaqo-nkqubo woLwimi weSikolo ocacileyo nomfutshane nothathela ingqalelo imiba yolwimi yeemeko ezithile ukwatolika iCAPS yeHL neFAL ukulungiselela iimfuno zokufunda nokufundisa ngokunjalo nokwabiwa kwamaxesha okufundisa. KwiBanga R kufuneka kuqhutywe isifundo solwimi esiyimizuzu engama-60 yonke imihla. "IXesha leBali" (UkuFunda ngokuKhwaza) kuyabandakanywa esifundweni yaye kwenzeka ekupheleni kosuku ngalunye.

5.1.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo

a) Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo

Umgaqo-nkqubo wesikolo ucacisa indlela eza kuxhaswwa ngayo ngezixhobo iHL neFAL. Isikolo sinesicwangciso sokuvelisa iincwadi zamabali, iincwadi zokufunda, imidlalo yolwimi, iipowusta, iiphaphethi kunye nezixhobo zokuncedisa utitshala. Ukuqinisekisa ukuba uncwadi lwabantwana kunye neentlobo ezahlukeneyo zoncwadi zifundiswa kukuqala kwiBanga R ukunyuka. Iklasi ixhotiswe ngoluhlu olubanzi lweeLTSM zokuphuhlisa ezifanelekileyo ukwenzela ukuba ilitheresi ihambe ngokulula yaye ibe luqilima. KwiBanga R le nto iya kuquka igumbi lokufundela langaphakathi nelaphandle.

b) Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo

Ukusebenzisa uluhlu oluphangaleleyo kwezixhobo ezifanelekileyo zokufundiswa kolwimi. Ukwenza ukuba ootitshala bafumane ithuba elifanelekileyo lokuphonononga, ukuchonga kwanokusebenzisa izixhobo neemathiriyeli zokufunda nokufundisa ezifanele isigaba eso. Ukunceda amaqela eFP ukuba azilungiselele kwangoko izixhobo ezidingekayo ekufundiseni kwikota nganye. Ukusebenzisa iiPLC ukwabelana malunga nokusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo ezifumaneka lula ujkwenzela ukuncedisa ekufundweni kwemixholo ephambili kwiiLwimi zaseFP. Ukusetyenziswa rhoqo kwelayibrari yesikolo / yendawo okanye iEdulis.

c) Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda

Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala bayakwazi ukusebenzisa izixhobo zeICT kwanokuchonga imithombo yokufundisa ekwiIntanethi. Ukuxhasa ootitshala ekukhetheni izixhobo zokufunda okusebenzisa i-intanethi (e-learning resources) ukwenzela ukunzulisa ulwazi nokuqonda kwabafundi imixholo nezakhono. Ukuphonononga nokucebisa malunga neesoftwe ze-e-learning kunye nezixhobo zedijithali ezixhasa ukufunda okwahlukeneyo (differentiated learning). Ukufakwa kweemathiriyeli ezifanelekileyo kwiseva yeSebe iWCED. Ukuqinisekisa ukuba abazali banolwazi malunga nezi zixhobo. Ukusetyenziswa kwamaQela ooTitshala/amaGosa aXhasana ngezaKhono (iiPLC) ukuyila idathabheyisi yokufundisa, ukuhlola nezixhobo zokufundisa ezisekelwe kwiwebhusayithi ezilungiselelwe isakhono nomba ngamnye waseFP.

5.1.4 Ukubekwa esweni nokuHlolwa

a) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo

Izikolo mazenze isicwangciso zophuculo loLwimi eziqhutywa ziithagethi nezibandakanya izimvo zabo bonke abasebenzi. Ukubeka esweni ukufunda nokufundisa ngokulandelela inkqubela nokulungisa iindlela zokufundisa. Ukuhlala ukusebenza kunye nefuthe lokuhlola ngokubeka esweni ukufundiswa kwekharityhulam kunye nendlela ekuqhutywa ngayo kwiSBA ezikolweni. Ukuqhuba nokuphucula indlela ekuqhutywa ngayo koLwimi ngokuthi kulungiswe ukuhlola kwasesikolweni okusetwa esikolweni ngokwedatha efunyenwe kukuhlolwa kwenkqubo kukazwelonke nokwephondo. Izikolo kufuneka zilandele umgaqo-nkqubo wokumodareyitha kwasesikolweni zize ziqhubeke nokuwuphucula zithathela ingqalelo uphuhliso lwesifundo kunye neendlela ezingcono zokufundisa. Ukuxhaswa kwentloko yesifundo/iHoD yaseFP ziiSMT ukwenzela ukulawula ootitshala baseFP ngokuqinisekisa ngokusetyenziswa kwexesha lesikolo, ngokumodareyitha ukuhlola nokuthatha uxanduva lokusingatha iindawo ekusilelwa kuzo. Ukwabelana ngezona ndlela zokusebenza ziyimpumelelo ngokunxulumene nokubekwa esweni kwenkqubo yokumodareyitha kuwo onke amanqanaba kwisistim yesikolo ukwenzela ukulandelela inkqubela eyenziwa ekufundiseni, ekuhloleni nasekufundeni. Ukuphucula ukulawulwa nokubekwa esweni kwezakhono zeeSMT.

b) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili

Ukuphucula izakhono zokulawula nokubeka esweni zawo onke amagosa ezithili. Ukuhlolwa kokugqitywa kwekharityhulam, ifuthe nesantya sokuqhutywa kwayo ngokuhambelana nemigaqo namazinga asisiseko abekwe nguzwelonke. Ukumodareyithwa kwezicwangciso zokufundisa kunye neencwadi zokubhalela zabafundi ukwenzela ukukhangela ukuba imisantsa iyasingathwa na. Izithili kufuneka zenze isiCwangciso sokuPhucula iHL neFAL kwiiDIP zazo ukwenzela ukuba zinike ingxelo kwiphondo nakuzwelonke. AbaLawuli beeSekethe kunye nabaCebisi beziFundo kufuneka banike ingxelo esithilini malunga nenkqubela, zize iziThili zidlulisele kuNdlunkulu ezo mfuno zophuhliso nenkxaso. IiSCP kufuneka ziqhube iiwekshophu zokuxhasa amagosa nootitshala ekufezekiseni iziphumo ezifunekayo. Ukumodareyitha nokuqinisekisa ukuhlola ngokuqinisekisa ukuba zonke izikolo zilandela umgaqo-nkqubo wokumodareyitha wangaphakathi esikolweni.

c) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likaNdlunkulu

Ukuphuhlisa izakhono zokulawula nokubeka esweni zamagosa kandlunkulu. Ukuphandwa kweziphumo zeemvavanyo ezisetwe ngaphandle ukwenzela ukukhangela imisantsa kulwazi nto leyo iya kuncedisana neendlela zokuxhasa ootitshala kunye nezicwangciso zophuculo zezikolo nezezithili ezenziwa rhoqo ngonyaka. Ukufuthela ukuyilwa kweekhosi zophuhliso nobunkokeli bootitshala ukwenzela ukuphuhlisa ubunkokeli nolawulo lwekharityhulam olufezekisa iinjongo ezibekiweyo. Ukuquka ukubekwa esweni nokuxhaswa kwiHL neFAL kwiikhosi zokufakwa emsebenzini zaseCTLI ezinikwa bonke abakwizithuba zolawulo nobunkokeli. Ukuphononongo esi sicwangciso-nkqubo rhoqo ngonyanga ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iithagethi zesicwangciso-nkqubo sangaphambili ziyafezekiswa, kuze apho kuyimfuneko kwenziwe uhlenga-hlengiso oluya kuqinisekisa ngokuqhutywa kwaso ngokuyimpumelelo.

d) Ukukhuthazwa kwesi sifundo kunye nesi sicwangciso-nkqubo

Ukuhlola, ukuqondwa kokuqhutywa kwesiCwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo zizithili, izikolo kunye neendawo zoluntu. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafanele ukuthatha inxaxheba bayakuqonda ukubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo. Ukuxhasa utshintsho kwisicwangciso-nkqubo esicwangcisiweyo, apho kuyimfuneko.

5.2 IBanga lesi-4 – 6

5.2.1 Ukuphuhliswa kwabantu

a) Uqeqesho lweetitshala namagosa ezemfundo

Ukuphucula ulwazi lomxholo wesifundo soLwimi kunye nolwazi lomxholo weendlela zokufundisa kugxininiswa kakhulu kwimiba ephambili yoLwimi kunye nendlela yokufundisa efanelekileyo. Ukugcina ukuqondwa kakuhle kokuqhubeleka kwekharityhulam kunye nenkqubela kwikharityhulam. Ukuqinisekisa ngokuhambelana phakathi kweenjongo zokufunda, ukufundisa nokuhlola. Ukuxhasa ukuyilwa kwezicwangciso zokufundisa ezifanelekileyo. Ukuqonda ulwazi nezakhono ikharityhulam yoLwimi ezithatha njengokuba sele zikhona ngokunxulumene nezixhobo zokuxhasa ukufunda, ukulungiselelwa kwezifundo kunye nokuhqutywa kweICT ekufundisweni kwekharityhulam kunye notshintsho olubangelwa koko kwizinto ezenziwa eklasini. Ukuqeqeshwa kootitshala nokunikwa kwenye inkxaso enxulumene noko ukwenzela ukusingatha iimfuno ezahlukeneyo zabafundi nezootitshala. Ukuseka idathabheyisi yezakhono zootitshala ekufundiseni iiLwimi kwesi sigaba. Ukuphuhlisa izakhono zeeHoD ezigxile kwizakhono zokulawula nobunkokeli, ukuyilwa kwemigaqo-nkqubo, iisistim nezitraktsha, uphuhliso lwekharityhulam, ukuncedisa ngezakhono (mentoring) kunye nokumodareyithwa kokuhlola kweeLwimi noNcwadi. Ukwenza ukuba abacebisi bezifundo bakwazi ukufikelela kumathuba ophuhliso olusemgangathweni.

b) Amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC)

Abacebisi bezifundo kufuneka baseke amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono ukulungiselela ootitshala abasebenza kwizikolo ezimeleneyo. Kufuneka bathathwe njengamaziko endawo kwinkxaso yoLwimi enikwa abasebenzi nootitshala. Bonke ootitshala bamaziko kufuneka bakwazi ukufikelela kwizixhobo ekwabelwana ngazo bachophele neentlanganiso zeePLC. Abcebisi bezifundo, iiSMT nootitshala abakhokelayo bayakhokelwa kwindlela yokuqalisa, ukubhexesha nokusebenzisa iiPLC esikolweni nakwizikolo ngezikolo ukwenzela ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezona ndlela zisebenzayo kunye nokuphucula ubambiswano. Ukusebenzisa iiPLC ukuzinzisa uphuhliso lootitshala kunye nokwenza ukuba izikolo zisebenzisane ekunikeni bonke abafundi eyona mfundo inokufumaneka. Ukuqhuba iiseshoni zokusebenza zeePLC/zamaqela (iiklasta) apho kuya kujongwa imisantsa yokufundisa efunyenwe kwiSBA kunye novavanyo lwenkqubo kwanokuyilwa kwamaphulo okungenelela okusingatha loo misantsa. Ukukhuthaza ukuba kuyiwe kwiinkomfa zeeLwimi, iiPLC nokubhalisa kwiikhosi ezimfutshane (umz. ezaseCTLI) ukwenzela ukuphucula indlela ekufundiswa ngayo.

c) Ukukhankaselwa kwabasebenzi, ukufakwa kwabo emsebenzini kunye neendlela zokubagcina besemsebenzini

Ukukhankasa kwiiHEI abafundi abanezakhono zokusebenzisa ulwimi. Ukunika ukuthathelwa ingqalelo nokunika amaqithi-qithi ukwenzela ukugcina ootitshala abanamava nabaneziphumo ezihle eIP. Ukukhuthaza ukuqeshwa kootitshala abawaziyo umsebenzi wabo. Ukunika isibonelelo sebhasari yootitshala beIP. Ukuyilwa kwenkqubo yokufakwa emsebenzini (yiCTLI) kootitshala abatsha ukwenzela ukuqhuba ezona ndlela zisebenzayo zokufundisa kunye nokuphuhlisa izakhono zokufundisa ezifanelekileyo. Ukunika uqeqesho olufanelekileyo kuzo zonke iititshala ezifikayo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba bayakwazi ukuyiqhuba ngempumelelo iCAPS. Ootitshala kufuneka bajonge iindlela zokufundisa abaziboniswa ziingcali baze bazilandele befumana inkxaso eyaneleyo. Ukusebenzisa ootitshala bokuxhasa abafundi abasaqeqeshelwa ubutitshala okanye abafundi abafumana amava okufundisa (learnerships) ukwenzela ukuba babaxhase eklasini ithuba lonyaka ngelixa bagqibezela izifundo zabo zolwimi zamaZiko eMfundo ePhakamileyo (iiHEI), zifundo ezo zivavanywa ngeemviwo kwikharityhulam, ukufundisa, nokufunda.

d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi

Ubume bomfundi ophumelelayo wolwimi bobalowo ucinga ngokwakhayo malunga nokufunda, othanda ukufunda iincwadi kunye nokhuthazeke kakhulu. Ukuxhasa abafundi ukuze bafunde ukuzithemba. Ukuze yenzeke le nto, abafundi kufuneka bafumane isikhokelo esivela kutitshala esicacileyo nesizinzileyo ukuze baye bekwazi ngokukwazi ukuthatha amanyathelo afanelekileyo okuba ngabasebenzisi bolwimi (abafundi nababhali) abomeleleyo. Ukuseka imeko eqhelekileyo yeklasi eqinisekisa ukuba abafundi bayakonwabela ukufunda yaye bayakuqonda ukuba kubalulekile ukufunda kwabo. Ukukhuthaza iindlela zokufundisa ezinceda abafundi ukuba banxulumanise ulwazi olutsha neendawo abazaziyo, umz. emakhayeni abo kunye nasezidolophini/ezilalini.

e) Ukubandakanyeka kwabazali

Ukwazisa malunga nesi sicwangciso-nkqubo soLwimi njengesicwangciso sophuculo. Ukuqhuba iindlela ezifanelekileyo zokuqinisekisa ngenkxaso yabazali noluntu. Ukuxoxa nabazali izakhono ezidingwa ngabantwana babo ukuze babe nolwazi loLwimi. Ukukhuthaza abazali ukuba baxhase iithagethi zesikolo yaye babancedise abafundi emakhaya.

f) *Ubambiswano olubandakanyekayo*

Kufuneka iCTLI incedise ekuqeqesheni iiHoD nootitshala kumxholo wesifundo seeLwimi kunye nakwindlela yokufundisa. Ukubambisana kwimisebenzi eyenziwa ziiNGO, iiHEI namacandelo abucala apho kunikwa ootitshala inkxaso yasesikolweni ekhatshwa kukubekwa esweni nokuhlolwa. Ukubambisana namaqela achaphazelekayo asebenza ngemiba yolwimi, maqela lawo afana noPanSALB, iCentre for the Book, iAfrikaanse Taalraad,i PASA, iDCAS (amacandelo okuchongwa kweencwadi zoLwimi nezaseLayibrari) kunye neeHEI ekuqhubeni uphando.

5.2.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo

a) *Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo*

KwisiGaba esiPhakathi, kufuneka ootitshala banxulumane yaye basebenzele phezu kwesiseko esibekwe kwiBanga R ukuya kwelesi-3. Njengokuba ulwazi nezakhono zitshintsha imihla ngemihla, kubalulekile ukufundisa abafundi indlela yokufunda ulwimi ngendlela elungelelanisiweyo yolwimi. Iindlela zokufunda nokubhala kufuneka zenze abafundi bakwazi ukusuka ekuxhomekekeni kutitshala ukuya ekuzimeleni ngokwabo. Bonke abafundi kufuneka bafumane amathuba oneleyo okuthetha ngolo lwimi balufundayo. Iimfuno zabafundi zolwimi oluthethwayo kufuneka zifundiswe ngokwamanqanaba ngamanqanaba yaye ukuthetha kukhuthazwe ngokubuza imibuzo ekwinqanaba lomntwana ngamnye. IZakhi nemiGaqo yoLwimi kufuneka zifundiswe ngokusemxholweni ngethuba kufundiswa kukwaphuhliswa ezinye izakhono zolwimi. Kufuneka kubonakale uluhlu olunyukelayo lweeteksti zobugcisa nezolwazi yaye nenkqubo yokubhala kufuneka ibonise inkqubela ukuya kutsho kwinqanaba apho abafundi bakwaziyo ukuvelisa iiteksti ezibhaliweyo ezilungelelaniswe kakuhle nezinegrama echanekileyo. Xa kukhethwa iiteksti zokuphulaphula nezokufunda kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini, kufuneka kubandakanywe imiba yolwimi eza kufundiswa yaye nemisebenzi enikwayo kufuneka ihambelane nezo teksti. Le misebenzi yokufunda isetyenziselwa ukubhexesha, ukuhlola, ukunika ingxelo nokuxela malunga nokufunda (learning).

b) *Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo*

Ulwimi sisakhono esingundoqo ekuyilweni nasekudlulisweni kwentsingiselo, ngoko ke ukufundwa nokufundiswa kolwimi kufuneka kubonakale yaye kwenziwe kuzo zonke izifundo. Oku kubaluleke kakhulu apho iLoLt ingelolwimi lufanayo nolwimi lomfundi.

c) *Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda nokufundisa*

Ugxininiso malube sekuhloleni okulungiselela ukufundisa. Ukunika abafundi ingxelo ekhawulezileyo kunye nomkhomba-ndlela ojonge ekuvaleni umsantsa ophakathi kweyona mpumelelo yabafundi kunye nempumelelo efunekayo. Ukusetyenziswa koku kuhlola ekuyileni izicwangciso zokuphucula inkxaso enikwa abafundi.

d) *Ulawulo olusemgangathweni lweklasi*

Imeko yokufunda ulwimi kufuneka ibe nezinto eziprintiweyo ezininzi, inike umdla yaye ibe yenomtsalane. Kufuneka kusetyenziswe iilayibrari zeentlobo ezahlukeneyo ukukhuthaza ukufunda (reading) kuzo zonke iiklasi. Ootitshala kufuneka basebenze njengemizekelo egqibeleleyo yolwimi nelitheresi. Ukudala imeko yokufunda ekhuselekileyo apho bonke abafundi bafumana inkxaso, inkuthazo nomngeni kodwa bakwazi ukuzifumanela ngabanye ukubaluleka nentsingiselo ngokufunda nokubhala kwabo. Imeko yokufunda kufuneka ibe yeyamkelayo kuzo zonke iinkcubeko yaye ikhuthaze bonke abafundi nokuba bangakanani na ngokobudala, ngabasiphi na isini, ngabaluphi uhlanga, bekholelwa kweyiphi inkolo, bengabawuphi umgangatho ekuhlaleni, ukuba baphuhlise izakhono zokunxulumana ngokukuko nabantu beenkcubeko ngeenkcubeko. Iindibano zokufunda nokufundisa kufuneka zizibonakalise ngokuba nenzolo kunye namalungiselelo afanelekileyo aza kwenza ukuba umfundi ngamnye akwazi ukukufezekisa ngokupheleleyo oko anamandla okukwenza, loo nto eyenza ngokukwazi ukuziqeqesha nokwenza umsebenzi ngokufanelekileyo.

e) *Ukutolika kakuhle umgaqo-nkqubo*

INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe (iNCS) iyakulungiselela ukufundiswa kweelwimi phantsi kwemigangatho emithathu, okt. uLwimi lwaseKhaya (iHL), uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (iFAL) kunye noLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (iSAL). Ziilwimi ezisemthethweni kuphela ezinokufundiswa kumgangatho weHL noweFAL. Iilwimi zangaphandle zingafundiswa kumgangatho weSAL. Ixesha lokufundisa leelwimi kwisiGaba esiPhakathi leli:

- uLwimi lwaseKhaya – iiyure ezi-6 ngeveki
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo – iiyure ezi-5 ngeveki
- uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo – iyure e-1.5 ngeveki inokongezwa kodwa ingabi kwixesha lokufundisa elimiselweyo.

5.2.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo

a) Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo

Izikolo kufuneka zikwazi ukulawula ukuthengwa kwezi zixhobo zilandelayo: ezabafundi - iincwadi zabafundi (itekstibhukhu); iincwadi zokufunda ezingundoqo (iicore reader) ezinamabali amafutshane, isihobe, amabali emveli nemidlalo; izichazi-magama, uluhlu lwezinto zokufunda eziya kulungiselela amanqanaba ohlukeneyo okufunda (reading); iiteksti zokufunda notitshala zeBanga lesi-4: ezootitshala – iCAPS yeHL, iFAL neSAL, umGaqo-nkqubo woLwimi kwezeMfundo (iLanguage in Education Policy - iLiEP), iincwadi zokwandisa ulwazi (izichazi-magama zolwimi olunye, zeelwimi ezimbini nezeelwimi ezininzi); iithesarasi; iiensayiklophidiya, incwadi yokwandisa ulwazi lwegrama (igrammar reference book), njalo njalo); iFayile/iNcwadi yoKwandisa uLwazi – le isenokuba yifayile eneemathiriyeli eziqokelelwe ngutitshala okanye isiKhokelo sikaTitshala esipapashiweyo esithengiswayo; izinto zokufunda zaselayibrari kunye nezincedisi ezimanyelwayo/ezibukelwayo.

b) Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo

Ukwenza ukuba ootitshala bafumane ithuba lokusebenzisa ngokufanelekileyo izixhobo neemathiriyeli zokufunda nokufundisa ezifanele isigaba esithile. Ukuncedisa amaqela esigaba ukuba ayicwangcisele kwangoko ikota nganye ukuze bachonge izixhobo ezifunekayo ukulungiselela ukufundisa, ukufunda nokuhlola. Ukwabelana ngezimvo kwiintlanganiso zamaqela (zeklasta) okanye amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC) kusabelwana ngeendlela ezifanelekileyo zokufikelela kwizixhobo ukwenzela ukudlulisa izakhono ezingundoqo zoLwimi kwisiGaba esiPhakathi (iIP). Izikolo kufuneka zigcine iirejista zeeasethi ukwenzela ukubeka esweni ukusetyenziswa nokugcinwa kwezixhobo zize zisebenzise iimali ezabiweyo kunye nezinye iindlela ukuncedisana nokufumana izixhobo/izakhiwo ezifunekayo ukuqhuba isiCwangciso seSikolo soPhuculo kwiiLwimi.

c) Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda

Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala bayakwazi ukusebenzisa iikhompyutha kunye nezinye izixhobo zedijithali ngokunjalo nokufikela kwimithombo yokufundisa/yokufunda ekwiIntanethi. Ukuxhasa ootitshala ekuchongeni izixhobo zokufundisa ze-e-learning ezixhasa ukufundisa nezinzulisa ulwazi lwabafundi kunye nokuqonda okunengqiqo. Ukuphonononga iiisoftwe ze-e-learning kunye nezixhobo zedijithali ezixhasa ukufundwa koLwimi eIP. Ukusetyenziswa kweePLC ukuyila idathabheyisi yokufundisa, ukuhlola nezixhobo zokufundisa ezisekelwe kwiwebhusayithi ezilungiselelwe umxholo ngamnye waseIP. Abafundi kufuneka bangayisebenzisi nje iteknoloji, koko bakwazi ukufikelela kwizixhobo ngezixhobo ezikhoyo ezihambelana nemisetyenzana yolwimi nezinika ithuba lokwaka ukuqondwa okunzulu komxholo wolwimi.

5.2.4 Ukubekwa esweni nokuHlolwa

a) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo

AmaQela oLawulo lwesiKolo (iiSMT) kwinqanaba lesikolo anendima ebalulekileyo ekufuneka eyidlalile kwinkqubo yokuhlola yabafundi yasesikolweni. Ugxininiso kufuneka lube sekufundisweni kolwimi ziingcali zootitshala zesi sigaba. IiNltoko zamaCandelo oLwimi (iiHOD) kufuneka zincedise zixhase ootitshala abakumacandelo (iidipatmenti) azo xa belungiselela izifundo zabo, zibancedise ngezifundo zokubabonisa ezilandelwa zizifundo zokuqwalasela isifundo ukuqhutywa kwesifundo kuze kufundiswe ngokwamaqela xa kukho imfuneko. IiSMT kufuneka zixhase zize zibeke esweni ootitshala bolwimi ukuba benze iimvavanyo ezisisiseko rhoqo ekuqaleni kwebanga. Imisetyenzana yabafundi kufuneka ibekwe esweni yaye imodareyithwe ngalo lonke ixesha. Iindlela zokujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kunye nokunika ingxelo kufuneka zisoloko zilungiselelwa ukuba zenziwe ngootitshala beelwimi.

b) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili

Amaphulo ongenelelo enziwa ngamagosa esithili kufuneka abe ngokweenkqubo ezithile ezijongene neemfuno ezizodwa zabafundi. Ukuphuhliswa kwezakhono zolwimi lokufundisa olusekelwe kulwazi, zakhono ezo zilungiselwe iinkqubo ezenzekayo zokubekwa esweni nokuhlolwa. Ukuxhasa amagosa esithili ngoqeqesho kwindlela yokuphatha nokuhlalutya idatha yeziphumo zovavanyo lukazwelonke nolwephondo, zona eziya kuphelela ekubeni zibe yinxalenye yenkqubo yokuxhasa ootitshala. Ukulawula iinkqubo zokubekwa esweni nokuhlolwa okuzingileyo okwenziwa ngeenkqubo zenkxaso yophuhliso loqeqesho lootitshala.

c) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likaNdlunkulu

Ukwenza ukuba amagosa akwaNdlunkulu akwazi ukufikelela kumathuba okuhlalutya iinkqubo zokuvavanyo ulwimi zehlabathi, zelizwe nezephondo. Ukuphuhlisa abaCwangciso beKharityhulam abaPhezulu (iiSenior Curriculum Planner) kwizakhono yokuphatha nokuhlalutya idatha yeziphumo zeemvavanyo zikazwelonke nezephondo. Ukuphembelela ukuyilwa kweeprogram zokubeka esweni nokuhlola eziya kuqhutywa kwinqanaba lesikolo. Ukuzibandakanya nokuxhasa ukwenziwa kweekhosi zokungenisa emsebenzini (induction) neziquka ukulawulwa kophuhliso lolwimi.

d) Ukukhuthazwa kwesi sifundo kunye nesi sicwangciso-nkqubo

Ukuhlola ukukhuthazwa kwesi sicwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo zizithili, izikolo kunye neendawo zoluntu. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafanele ukuthatha inxaxheba bayakuqonda ukubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo. Ukuxhasa utshintsho kwisicwangciso-nkqubo esicwangcisiweyo, apho kuyimfuneko.

5.3 IBanga lesi-7 – 9

5.3.1 Ukuphuhliswa kwabantu

a) Uqeqesho lootitshala namagosa ezemfundo

Ukuchonga nokusingatha iimfuno zoqeqesho lootitshala ngokugxininisa indlela yokuchonga imisantsa kulwazi loLwimi lwesiGaba esiPhezulu; ukufunda ngokubandakanywa noogxa bakho kwiiPLC; ukuqonda ikharityhulam kunye nendlela yokusebenzisa izixhobo zokuxhasa abafundi; ukulungiselela nokufundisa izifundo ngendlela eyiyo kunye nokubandakanya iICT ekufundisweni kwekharityhulam ukuze bakhule. Uqeqesho kufuneka lulungiselele iqela elithile lootitshala kwisakhono ngasinye; kufuneka lugxile kwiimfuno ezithile ezifana nezi: indlela yokufundisa ukufunda ngokuqonda; indlela yokusebenzisa ukufundiswa kokubhala okuncediswa ngekhompyutha; indlela yokuhlola intetho yomlomo; indlela yokuxhasa ootitshala abasafikayo ekuseteni amaphepha; indlela yokufundisa abafundi abangalwaziyo ulwimi kwiklasi yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo; indlela yokufundisa igrama phantsi kwesakhono esithile kunye nendlela yokusebenzisa ngokukuko iincwadi zabafundi.

Ukuze luhlale luhambelana nophuhliso olufanelekileyo lokufundiswa kolwimi, uqeqesho lweeHoD kufuneka lugxile kwiimfuno ezithile ezifana nezi:

- Izakhono zokulawula nobunkokeli;
- Ukuxhaswa nokumodareyithwa kokuhlolwa koLwimi noNcwadi;
- Ukwenziwa kwemigaqo-nkqubo eyenzelwa ukuqonda ukuba kutheni iikomiti ezifana neKomiti yeziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa (yeeLTSM), iKomiti yeSifundo, iiKomiti zeRCL zifuneka;
- Iinkqubo ze-e-Learning zokuncedisa ekuhlalutyweni kweziphumo zokuhlola.

AbaCebisi beziFundo kufuneka banikwe amathuba okufumana uphuhliso olusemgangathweni. Kufuneka ibe ziimfuno nomdla izinto eziqhuba ukukhula kwabo ngokwekhono loqeqesho lwabo kwezi zinto zilandelayo:

- uhlalutyo olunzulu lweenkcukacha ezifunyaniswe njengezibonisa umgangatho nokuchaneka
- ukulungisa nokulungiselela idatha ekwiifomathi ezahlukeneyo
- ukusebenzisa iindlela ezikhoyo ukuqinisekisa ngokuchaneka, ukuqiniseka, ukuthembeka kunye nokuthatha icala kwedatha
- amandla okuzisa nokudlulisa ulwazi ngokucacileyo

b) AmaQela ooTitshala/amaGosa aXhasana ngezaKhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC)

IiPLCs zisebenza njengamaziko endawo kubasebenzi abaxhasayo beeLwimi nawokuba ootitshala bakwazi ukufikelela kwizixhobo ezisetyenziswa ngamalungu onke nokuba kuchotshelwe iintlanganiso zamaQela ooTitshala/amaGosa aXhasana ngezaKhono (zeProfessional Learning Communities - PLC). Ukuxhasa abaCebisi beziFundo ukuba baqhelane nootitshala bebonakalisa ukuyiqonda imeko yabo ngokunxulumene nendima yabo yobutitshala. Ukusebenza "njengomxhasi onokugxeka ngokwakhayo", oko kukuthi, umntu okwaziyo ukuncoma agxeke ngendlela eyakhayo, anike isikhokelo nengxelo; ephicothela, etolikela ekwacacisela ootitshala imigaqo-nkqubo. Ukuncedisa kwiingxaki ngelixa bebacela umngeni ootitshala ukuze basebenzise iiteksti zolwimi ezibacela umngeni abafundi.

c) Ukukhankaselwa kwabasebenzi, ukufakwa kwabo emsebenzini kunye neendlela zokubagcina besemsebenzini

Ootitshala kufuneka bajonge iindlela zokufundisa abaziboniswa ziingcali baze bazilandele befumana inkxaso eyaneleyo. Ukubeka abafundi abasaqeqeshelwa ubutitshala okanye abafundi abafumana amava okufundisa (learnerships) eziklasini zootitshala ababaxhasayo ithuba lonyaka ngelixa bagqibezela izifundo zolwimi zeeHEI zifundo ezo zivavanywa ngeemviwo kwikharityhulam, ukufundisa, nokufunda.

d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi

Ukukhuthaza amakhuphiswano eeLwimi ukwenzela ukukhuthaza abafundi ekuziqhelaniseni nezakhono zolwimi kunye nezinye iindlela zonxibelelwano. Ukukhokela abafundi ukuba baluqonde uxanduva lokufunda ulwimi ngokulusebenzisa entlalweni yabo. Ukukhuthaza ezingqondweni zabafundi umdla wokufunda nokuqhuba kakuhle kwimisetyenzana yabo yolwimi. Ukukhuthaza abafundi ukuba bagqwese kwizakhono zabo zokufunda gabalala (study skills) baze basebenzise iingcebiso abazinikwayo zokufunda ngendlela eza kubanceda ekuthatheni izigqibo eziqiqisisiweyo xa bekhetha izifundo ezifanele amakhono abo exesha elizayo.

e) Ukubandakanyeka kwabazali

IiBhodi eziLawula iZikolo kufuneka zixhotyiselwe ukuba zikwazi ukuxhasa abazali ekudaleni imeko efana neyasekhaya neya kulungeleyo ukuba abantwana bakhule bekuthanda ukufunda (reading),

ukwenza umsebenzi wesikolo wasekhaya, ukuphanda, ukufunda izakhono zemfundo (study skills) nokulungiselela iimvavanyo neemviwo.

f) Ubambiswano olubandakanyekayo

Abo kuBanjiswene nabo abafana nnemiButho eNgekho Phantsi kukaRhulumente (iiNGO), iBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika (iPanSALB) iSebe lezeNkcubeko nezemiDlalo (iDCAS) (iCandelo leeLwimi neleeLayibrari), iCentre for the Book, iPublisher's Association of South Africa (iPASA), amaZiko eMfundo ePhakamileyo (iiHEI) kunye neCape Teaching and Leadership Institute (iCTLI) ngamaqela aluxhasayo uphuhliso lweelwimi. Ukuhlupheza ukusekwa nokuqhutywa kwezenzo zotshintsho (innovative practices); iiBhodi zoLwimi zeNgingqi zikhuthaza ukuphuhliswa kwemfundo noqeqesho; ukukhuthazwa kwezenzo zephondo eziqalwa ngabafundi. Ukukhuthaza abo kubanjiswene nabo ukuba bonyuse ukubandakanyeka okubonakalayo kwimiba yolwimi.

5.3.2 2Iindlela zokufundisa ezisebenzayo

a) Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo

Nangona kubalulekile nje ukuqondwa kwezakhono zoLwimi ezisisiseko, kufuneka kuzanywe kangangoko ukugxila nakwizakhono zengqiqo ekwizinga eliphezulu ezifana nokuhlola kunye nokuncoma. Ukusebenzisa imibuzo esebenzisa uluhlu lwamazinga engqiqo. Imisebenzi yokuhlola kwesi sigaba kufuneka iye ixananazela ngakumazinga engqiqo ohlukeneyo.

b) Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo

Abafundi kufuneka baqheliswe ukufunda nokubhala yonke imihla. Kufuneka ootitshala basebenzise isigama esichanekileyo sesifundo yaye bazinxweme ekuxumeni iilwimi ngendlela engacwangciswanga. Ukukhuthazwa kweendlela ezisingatha iinjongo zolwimi kuzo zonke izifundo nanjengoko ulwimi lusisixhobo esibalulekileyo sokuveza nokudlulisa intsingiselo. Ukukhuthaza incoko enentsingiselo eqhubeka phakathi kootitshala nabafundi nekufuneka ibe malunga nezakhono ezibalulekileyo zokufunda. Ukuququzelela amakhuphiswano aseklasini awenziwa rhoqo okwenzela ukukhuthaza ukonwatyelwa nokugqwesa ekufundeni nasekubhaleni. Izikolo kufuneka ziququzelele ukusekwa kweeklabhu zokufunda nokufundisa ezibandakanya izikolo ngezikolo.

c) Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda nokufundisa

Ugxininiso malube sekuhloleni okulungiselela ukufundisa. Ukuthathwa kwamanyathelo okuvala imisantsa ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakhula kwizakhono ezi ya kubanceda ukuba baziphumelele iilwimi kwinqanaba leFET. Ukunika abafundi ingxelo ekhawulezileyo ejonge ukubakhokelela ukuba bafumane iithagethi ezibekiweyo zokufunda (leanring) ulwimi. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba basebenzise imisetyenzana eyimizekelo yokuhlola xa beyila imisetyenzana yabo eyimpendulo yeemfuno zikatitshana nabafundi. Ukuhlalutya idatha yokuhlola ukwenzela ukujonga iingxaki zolwimi nokucwangcisela ungenelelo oluyimfuneko.

d) Ulawulo olusemgangathweni lweklasi

Ukudala imeko yeklasi onobutyebi beeteksti nebamkelayo bonke abafundi, exhasayo, ekhuthazayo negxile ekufundeni ukuze abafundi bakwazi ukukufezekisa ngokupheleleyo oko banamandla okukwenza. Ukuphembelela ukuqeqesheka, ukuzinika ixesha lokusebenza kunye nokufundisa ngokuba ngumzekelo. Ootitshala kufuneka bayile amagumbi okufundela anobutyebi bezixhobo zolwimi naxhasa ukufunda nokufundisa. Iindibano zokufunda nokufundisa zizibonakalisa ngokuba nocwangco, ukulungiselelwa kakuhle kunye nokuqhuba ngendlela enye. Ootitshala kufuneka baqiniseke ukuba igumbi lokufundela ngalinye linendawo ekhethekileyo eklasini apho kubekwe khona iiteksti ezinokufundwa ngabafundi (ilibrary corner) nekulula ukuyisebenzisa.

e) Ukutolika kakuhle umgaqo-nkqubo

Ukuqinisekisa ukuba iinqununu, ooHoD, nootitshala bayitolika ngokuchanekileyo ikharityhulam yeeLwimi mayela neemfuno zokufundisa nokuhlola ngokunjalo nangokwabiwa kwamaxesha azo okufundisa (time-tabling) kwisiGaba esiPhezulu. Ukuxhasa ootitshala ukuba bakuqonde ukuqhubeleka nenkqubela kwezo zakhono zolwimi zimiselweyo. Kufuneka ukuQondwa okuNzulu koLwimi kugxininiswe ukususela kwisiGaba esiPhakathi kuze kuphinde kukhuliswe kwisiGaba esiPhezulu ukwenzela ukuphucula ukutolikwa nokuhlalutywa kolwimi ngokusemgangathweni kwiBanga le-10 – 12.

5.3.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo

a) *Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo*

Lunxanduva lwazo zonke izikolo ukuchonga:

- izixhobo ezityebisa zikwaxhasa ikharityhulam yolwimi, kuthathelwa ingqalelo ukwahluka kwemidla nendlela ababona ngayo abafundi, kunye ngoluhlu lweendlela abakwazi ngazo ukuqonda, iindlela abazisebenzisayo ukuze bafundi (learning styles) kunye namanqanaba okukhula abafundi.
- izixhobo zolwimi ezihlupheza ukukhula kulwazi oluyinyani, ukuhlalutya uncwadi kunye nohlalutyo olunzulu loncwadi, ukonwatyelwa kobugcisa boncwadi, kunye nolwazi.
- izakhono zolwimi ezibonisa ngokwakhayo nangokuchanekileyo imiba eyahlukeneyo, neziqinisekisa ukuba abafundi bafumana ithuba lokuphuhliseka, bekhokelwa ngootitshala, baziqhelise ukuhlalutya ngokunzulu kunye nokukwazi ukuthatha izizathu eziqiqisisiweyo kubomi babo bemihla ngemihla
- izixhobo zolwimi ezimele zonke izini, ukungabi nankubazeko/ukuba neenkubazeko, iinkolelo, iintlobo zamakhaya (zeentsapho), iintlanga nezizwe, kunye nemigangatho ngokwasentlalweni
- ingqokelela ephangaleleyo yezixhobo zolwimi ezifanele uluntu lweso sikolo ngokuthi ithathele ingqalelo ukufaneleka kokubekwa kommiselo (principle) ngaphezu koluvo lomntu kunye nengqiqo ngaphezu kokukhetha icala xa kuchongwa izixhobo ezithile. Ukucinga malunga nokutshintshela ekusebenziseni iiklasi ekufundiswa kuzo ngokuncedisa ngeteknoloji yeekhompyutha (iiSmart Classroom) ukukhuthaza ukufunda kwabafundi ngokwenza umsebenzi ngokubambisana (collaborative learning), zinto ezo zifanele ukwenza igumbi lokufundela libe yindawo yokufundela encediswa yikhompyutha.

b) *Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo*

Ukwenza abafundi bafunde ngokwamaqela nangokusebenzisana, kodwa kulungiselelwe nokukhula komfundi ngamnye; ukukhuthazwa kwemisebenzi yokufunda nokubhala kunye nendlela yokufunda ngokwenza. Ukukhuthaza abafundi ukuba babuze, bacinge, baphendule, bacamngce, baze bathathe izigqibo ngeendlela ezikhulisa izakhono zabo zokuqiqa nokuthatha izigqibo. Ukunika abafundi ithuba nokungabopheleleki ukwenzela ukufezekisa iimfuno ezinxulumene nezakhono zendalo, ukukwazi, iindlela zokufunda, izakhono ezahlukeneyo zengqondo, kunye nemidla yomntu ngamnye.

c) *Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda*

Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala banolwazi, izakhono nenkxaso eyimfuneko yokubandakanya iICT ekufundeni nasekufundiseni kwabo. Ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezixhobo zeteknoloji ezinxulunyaniswe kangangoko zisetyenziswa ngootitshala abaqeqeshwe ngokupheleleyo. Ukubandakanya ukusetyenziswa kwezixhobo zeteknoloji ezifana neekhompyutha, iifowuni ezifana neesimatifowuni neethablethi, iikhamera zedijithali, amaqonga onxibelelwano kunye nawokuncokola, iiaplikheyishini zeesoftwe, iIntanethi, njalo njalo.

5.3.4 Ukubekwa esweni nokuHlolwa

a) *Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo*

AmaQela oLawulo lwesiKolo (iiSMT) kwinqanaba lesikolo anendima ebalulekileyo ekufuneka eyidlalile kwinkqubo yokuhlola abafundi yasesikolweni. Ugxininiso kufuneka lube sekufundisweni kolwimi ziingcali zootitshala zesi sigaba. IiNltoko zamaCandelo oLwimi (iiHOD) kufuneka zincedise zixhase ootitshala abakumacandelo (iidipatmenti) azo xa belungiselela izifundo zabo, zibancedise ngezifundo zokubabonisa ezilandelwa zizifundo zokuqwalasela isifundo ukuqhutywa kwesifundo kuze kufundiswe ngokwamaqela xa kukho imfuneko. IiSMT kufuneka zixhase zize zibeke esweni ootitshala bolwimi ukuba benze iimvavanyo ezisisiseko rhoqo ekuqaleni kwebanga. Imisetyenzana yabafundi kufuneka ibekwe esweni yaye imodareyithwe ngalo lonke ixesha. Kufuneka kusoloko kulungiselelwa ukuba ootitshala beelwimi besigaba ngasinye bajonge belungisa iindlela zokufundisa kunye nokunika ingxelo.

b) *Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili*

AbaCebisi besiFundo beZithili kufuneka bandise amaphulo okungenelela asekelwe kwiziCwangciso zoPhuculo lweZikolo. Ukuyilwa kweenkqubo zokuxhasa utitshala ngamnye ukwenzela ukukhuthaza ukugqwesa ekufundisweni kolwimi noncwadi. Ukuphucula ukuphathwa nokuhlalutywa kwedatha yeziphumo zeemvavanyo zikazwelonke nezephondo ukwenzela ukukhuthaza ukuphuculwa kolwimi.

c) *Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likaNdlunkulu*

Amagosa kaNdlunkulu kufuneka axhase ngendlela yaye omeleze ukuhlalutywa kwedatha kazwelonke neyephondo. Ukukhuthazwa kwabaCebisi beziFundo ukuba bakhuthaze ukusetyenziswa rhoqo kwamaQela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community) kwiinkqubo zokulawula nokubeka esweni kwanokuhlola okuqhubekileyo. Ukukhuthaza ukuqhutywa kwezicwangciso zamaphulo ongenelelo lwezithili kwezolwimi.

d) *Ukukhuthazwa kwesi sifundo kunye nesi sicwangciso-nkqubo*

Ukuhlola ukukhuthazwa kwesi sicwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo zizithili, izikolo kunye neendawo zoluntu. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafanele ukuthatha inxaxheba bayakuqonda ukubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo. Ukuxhasa utshintsho kwisicwangciso-nkqubo esicwangcisiweyo, apho kuyimfuneko.

5.4 IBanga le-10 – 12

5.4.1 Ukuphuhliswa kwabantu

a) Uqeqesho lweetitshala namagosa ezemfundo

Ukuqeqeshwa kootitshala kufuneka kwenze ukuba ootitshala bakwazi ukuphucula ukufundisa kwabo ulwimi. Ukuqeqeshwa kootitshala kufuneka kusekelwe kwidatha, kusekelwe kwiimfuno yaye kulungiselelwe iqela elithile lootitshala. Onke amaphulo ongenelelo lokuqeqeshwa kootitshala kufuneka abekwe esweni yaye ahlolwe. Uqeqesho kufuneka lugxile kwizihloko (ezibaluleke kakhulu) ekubonakala kunzima ukuba ootitshala nabafundi bazibambe, zihloko ezo zifana nezakhono zolwazi olunzulu lolwimi, ilitheresi yokubonwayo, isincoko esimalunga noncwadi, uvavanyo lokuqonda kunye nokubhalwa kwesishwankathelo. Ukuxhasa ukuyilwa kwezicwangciso zokufundisa ezifanelekileyo ngokwemeko nezithathela ingqalelo isantya sokuqhutywa kwekharityhulam. Ukuqhubeleka nokusebenza okusekelwe ekuqondweni kokuqhubeleka kwekharityhulam kunye nenkqubela phambili kwiBanga le-10 – 12. Kwimeko yeemfuno zeemviwo ezicacileyo kuviwo lweNSC, ukuqinisekisa malunga nokuhambelana okuphakathi kweenjongo zokufunda, ukufundisa nokuhlola. Ukuphucula izakhono zootitshala ekusebenziseni izakhono ezifuna ingqiqo ekwinqanaba eliphezulu xa befundisa naxa behlola.

b) Amaqela ootitshala/amagosa axhasana ngezakhono (iiProfessional Learning Community - iiPLC)

Ukukhokela ooHoD, iintloko zezifundo kunye nootitshala abakhokela izifundo ukuba baqale, bancedise baze basebenzise iiPLC ezikolweni naphakathi kwezikolo ukwenzela ukukhuthaza ukwabelana ngezona ndlela zisebenzayo kwanokusebenza ngokubambisana. Ukuthathela ingqalelo nokunika iamaqithi-qithi ootitshala abakhokela izifundo/abalungiseleli beePCL. Ukusebenzisa iiPLC ukuzinzisa uphuhliso lootitshala kunye nokwenza ukuba izikolo zisebenzisane ekunikeni bonke abafundi okona kufundiswa kolwimi kunokufumaneka. Ukuqhuba iiseshoni zokusebenza zeePLC apho kuya kujongwa imisantsa yokufundisa efunyenwe kwiSBA kunye novavanyo lwenkqubo. Ukukhuthaza ukuba kuyiwe kwiinkomfa zoLwimi, iiPLC nokubhalisa kwiikhosi ezimfutshane (umz. ezaseCTLI nezeeHEI) ukwenzela ukuphucula indlela ekufundiswa ngayo.

c) Ukukhankaselwa kwabasebenzi, ukufakwa kwabo emsebenzini kunye neendlela zokubagcina besemsebenzini

Ukuqhuba ukhankaso olukhulu lokufakwa kootitshala bolwimi abanezakhono kwizithuba zengqesho. Ukuqhuba uhlalutyo lweemfuno ukwenzela ukuncedisa amaphulo okukhangela ootitshala boLwimi. Ukunika ukuthathelwa ingqalelo nokunika amaqithi-qithi ukwenzela ukugcina ootitshala abanamava nabaneziphumo ezihle. Ukuyila iinkqubo zokungeniswa emsebenzini kuwo onke amanqanaba. Abacebisi bezifundo bangenisa emsebenzini (induct) ootitshala abatsha boLwimi baseFET. Ukusebenzisa ootitshala abaziingcali ukuba bancedise ootitshala abatsha.

d) Ukuzithemba kwabafundi, icala elilandelwa ngabafundi kunye nokuzilawula kakuhle kwabafundi

Ukuxhasa abafundi ukuba bakhule ukuzithemba okusekelwe "kwindlela yokucinga ngendlela yokuzihlumisa" kunoko kusekelwe "kwindlela yokucinga engatshintshekiyo". Ukuze oku kwenzeke, abafundi badinga ukukhokelwa okucacileyo nokuzinzileyo okuvela kwiititshala ukuze baye bemana ukunikwa uxanduva kunye nokuthatha amanyathelo afanelekileyo okusingatha ubuthathaka. Ukuyila nokufundisa iingcebiso/izikhokelo zokufunda (study tips/guidelines) zabafundi beBanga le-12. Abafundi kufuneka basoloko befumana umsebenzi wasekhaya/wohlaziyo ukwenzela ukuba bakwazi ukuchonga iindawo abadinga ukuncedwa kuzo ngootitshala babo. Ukunceda abafundi ukuba baqonde ukuba kutheni kubalulekile ukufunda kwabo. Ukukhuthaza ukufundisa okuncedisa abafundi ukuba banxulumanise ulwazi lwabo nolo lwazi basuka nalo emakhaya, ukunxulumanisa ulwazi olutsha kunye nelizwe elingaphaya kwegumbi lokufundela kunye nokunxulumanisa ulwazi ngaphakathi kwisifundo kunye nokulunxulumanisa nezinye izifundo. Ukukhuthaza abafundi ukuba bathathe inxaxheba kumakhuphiswano okuthetha nokubhala.

e) Ukubandakanyeka kwabazali

Ukukhuthaza abazali ukuba bathathe inxaxheba kwiinkqubo zemfundo yabantwana babo ngokuthi babaxhase ngokusebenzisa iiwebhusayithi zekharityhulam. Ukuqalisa amaqela enkxaso yangorhatya yabazali yolwimi ukwenzela ukudibana nabazali kunye nabantu abahlala nabantwana. Ukwazisa malunga nesi siCwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo njengesicwangciso sophuculo. Ukuxoxa nabazali malunga nezakhono ezidingwa ngabantwana babo ukuze balwazi ngokupheleleyo ulwimi.

f) Ubambiswano olubandakanyekayo

Ukuseka ubambiswano kunye neeNGO, iiHEI kunye namacandelo abucala ukwenzela ukukhuthaza ukuthathwa kwenxaxheba kunye nokuqhuba kakuhle kulwimi. Ukuququzelela ukufundisa kweetyhutha okwenziwa ziityhutha ezinamava ngethuba lezikolo zasebusika nasentwasahlobo. Ukubhexesha ukuqeqeshwa kweeSMT ukuze zibe nakho ukuqhuba esi sicwangciso-nkqubo solwimi sephondo ezikolweni zazo, zisenzela ukufikelela kwiithagethi ezibekiweyo. Ukunika uqeqesho olwaneleyo nolufanelekileyo kootitshala nooHoD boLwimi. Ukukhuthaza ukuthathwa kwenxaxheba kwiinkomfa zemibutho yolwimi yangaphandle, iikomiti zezifundo, iiPLC, njalo njalo. Ukubambisana kwizenzo zeeNGO, iiHEI namacandelo abucala anika ootitshala nabafundi inkxaso yasesikolweni. Ukuqinisekisa ukuba iphondo lineKomiti esebenzayo yesiFundo yeelwimi.

5.4.2 Iindlela zokufundisa ezisebenzayo

a) *Ukugxila kwizakhono zolwimi nomgangatho wengqiqo*

Bonke abafundi kufuneka banikwe umsebenzi obacela umngeni ngokwengqiqo. Imisebenzi yaseklasini kufuneka ibe yileyo ifuna ukuba abafundi basebenzise ingqiqo yabo ekwizinga eliphezulu efikelela ngaphaya kokukhumbula, ukuqaphela nokubuyisa oko bakuxelelweyo nje, koko bahlalutye, baphicothe, bahlole baze bavelise izimvo nezinto abanokuzibonisa ngokuzenza phambi kweklasi.

b) *Ukujongwa kolwimi kuzo zonke izifundo*

Iindlela zokufundisa ulwimi yindlela yokufundisa ngokweeteksti, eyokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa kunye nelandela inkqubo ethile. Zombini, indlela yokufundisa ngokweeteksti kunye neyokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa, zixhomekeke ekusetyenzisweni nasekuvelisweni kweeteksti okuqhubelekayo. Indlela esekelwe kwiteksti ifundisa abafundi ukuba babe ngabafundi abagqibeleleyo, abazithembileyo nabafunda, babhale, babukele baze bayile iiteksti besebenzisa ingqiqo. Indlela yokufundisa ngokusebenzisa uhlobo oluthile loncwadi isenokusetyenziswa ukufundisa iimpawu zeeteksti ezahlukeneyo. Indlela yokufunda ulwimi ngokulusebenzisa icebisa ukuba xa kufundwa ulwimi, kufuneka umfundi anikwe ithuba elininzi lokusebenzisa olo lwimi alufundayo kunye namathuba amaninzi okuziqhelisa okanye ukuvelisa olo lwimi. Ukunikwa kwethuba lokusetyenziswa kolwimi kuthi kwenzeke ngokuba abafundi babhale, babukele baze baphulaphule rhoqo. Le ndlela kufuneka igxile kwisakhiwo, ibe ivumela ukugxiliswa okucacileyo kwizakhi nemigaqo yolwimi. Abafundi baya kulufumana ulwazi malunga nezakhi zilwimi (language structures) kuphela xa zifundiswa ngokuphandle. Kucetyiswa ukuba izakhi zolwimi zifundiswe ngokusemxholweni wokubhala okanye ukufunda. Iindlela zokufunda kwabafundi ngokusebenzisana (umz. umsebenzi wamaqela, ukusebenza ngababini) kungasetyenziswa njengenxalenye yendlela yokufundisa ulwimi ngokulusebenzisa.

Indlela yokufundisa ngokulandela inkqubo ethile ifuna ukuba abafundi benze amanqanaba ohlukeneyo eenkqubo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala ngelixa baphulaphule, befunda bekwavelisa iiteksti zomlomo nezibhaliweyo. Ukubhala nokuthetha okwenziwa yonke imihla kuya kunika abafundi ithuba lokuziqhelisa ukusebenzisa olo lwimi.

Kufuneka kukhuthazwe ukufunda okwenziwa yonke imihla eklasini. Indawo ekhethekileyo yokuhlala ufunde eklasini inokusetyenziselwa ukubeka iincwadi, iimagazini namanqaku anomdla ukuze afundwe ngabafundi. Kufuneka kukhuthazwe ukufunda okongezelelweyo (extended reading) ngokuthi kusekwe iiklabhu zokufunda iincwadi nangokunika amathuba okuthatha inxaxheba kumakhuphiswano okufunda (iireadathon).

Isifundo ngasinye sisebenzisa iiteksti ukukhuthaza ukufunda (learning), nto leyo ithetha ukuba bonke ootitshala ngootitshala bolwimi yaye kufuneka balufundise ulwimi kwizifundo zabo. Ngoko ke kubalulekile ukuba yenziwe luqilima intsebenziswano phakathi kootitshala boolwimi kunye nootitshala bezinye izifundo ukwenzela ukomeleza izakhono zolwimi kuzo zonke izifundo zekharityhulam.

c) *Ukuhlolela ukuncedisana nokufunda nokufundisa*

Imisetyenzana yokuhlola kufuneka ilindele ukuba abafundi basebenzise ingqiqo ekwizinga eliphezulu: bangapheleli nje ekukhumbuleni imiba, kufuneka imisetyenzana ifune ukuba abafundi balungelelanise, balungelelanise ngokutsha, basebenzise, bahlalutye, baphicothe baze bahlole ulwazi neenkcukacha. Kufuneka abafundi bakhuthazwe ukuba basebenzise amaphepha eemviwo "zeminyaka edlulileyo" kunye namaphepha ayimizekelo nayibonisa kakuhle eyona nto ifunekayo ezimviweni. Ugxininiso lokuhlola malube sekuhloleni okulungiselela ukufunda kunye nokuhlolwa kokufunda. Ingxelo malunga neendawo ababetheke kuzo abafundi kunye nokufundiswa kwesigaba esilandelayo sesifundo kusetyenzsiwa indlela ekulindelwe ukuba baqhube ngayo abafundi, kufuneka ibe ngoyena ndoqo wencoko phakathi kwabafundi nootitshala. Le nto kufuneka ibe yiyo abakhela phezu kwayo ukwenza kwabo abafundi nanjengoko besebenzisa ubungqina/isikhokelo esivela koko kuhlolwa xa bezisebenzela bodwa bezama ukusingatha izinto ababuthathaka kuzo kwesi sifundo.

d) *Ulawulo olusemgangathweni lweklasi*

Ukudala imeko yeklasi ebamkelayo bonke abafundi, exhasayo, ekhuthazayo negxile ekufundeni ukuze abafundi bakwazi ukukufezekisa ngokupheleleyo oko banamandla okukwenza. Ukuphembelela ukuqeqesheka, ukuzinika ixesha lokusebenza kunye nokufundisa ngokuba ngumzekelo. Ootitshala kufuneka bayile amagumbi okufundela anobutyebi bezixhobo zolwimi naxhasa ukufunda nokufundisa okusebenzayo. Ukucwangciswa kokufunda ngokwenkqubo okubonakaliswa kukuzilungiselela kakuhle, ukuba noncwangco kuba nokuyikhathalela imfundo.

e) *Ukutolika kakuhle umgaqo-nkqubo*

Ukuqinisekisa ukuba iinqununu, ooHoD, nootitshala bayitolika ngokuchanekileyo ikharityhulam yolwimi mayela neemfuno zokufundisa nokuhlola ngokunjalo nangokwabiwa kwamaxesha ayo okufundisa (time-tabling) kwiBanga le-10 – 12. Ukuxhasa ootitshala ekuqondeni ukuqhubeleka kunye nokuqhubela phambili komxholo/izakhono ezimiselweyo ukusuka eSP nokuphuhliswa kwazo nangakumbi kwiBanga le-10 – 12 ukwenzela ukuseka isiseko sokufundwa kolwimi kwinqanaba elingaphaya kwesikolo, ebomini, emsebenzini nakwimfundo ephakamileyo.

5.4.3 Ukunikwa nokusetyenziswa kwezixhobo/kwezakhiwo

a) Ukufumana izakhiwo / izixhobo ezifanelekileyo

Enye yeenjongo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (iCAPS) kukutyala kubafundi ulwazi "lokuqokelela, ukuhlalutya, ukulungelelanisa kunye nokuhlalutya ngokunzulu ulwazi". Esi siphumo singundoqo seCAPS esikwabizwa ngokuba yilitheresi yolwazi, sizinzisa ukufunda okusebenzisa izixhobo, nokuthi kubandakanye ukuba abafundi basebenzise ngempumelelo izixhobo ezininzi zokufunda. Ukuze ikharityhulam iqhutywe ngempumelelo, kubalulekile ukuba kubekho uluhlu olubanzi lwezixhobo zaselayibrari, ngaphezu kweencwadi zabafundi (iitekstibhukhu) kunye neencwadi zamabali (iireader), eziya kusetyenziswa ngabafundi yonke imihla. Izixhobo zaselayibrari ziquka, kodwa aziphelelanga kwezi zilandelayo:

- iincwadi zokongeza ulwazi (iiensayiklophidiya, iiatlasi, izichazi-magama, njalo njalo)
- imisebenzi eyinyani (iincwadi ezinolwazi oluyinyani)
- imisebenzi yengqikelelo (iinoveli, amabali amafutshane, iintsomi, amabali emveli abalisa ngamaqhawe, iincwadi zemifanekiso, njalo njalo)
- iipowusta, iiphamflethi, iimagazini namaphephandaba
- amakhasethi enolwazi olushicilelweyo, iiCD, iividiyo, iiDVD, iiCD-ROM
- iiphakheyiji zemaltimidiya.

b) Ukusetyenziswa ngokukuko kwezixhobo

Amagumbi okufundela olwimi kufuneka abe ziindawo ezinobutyebi beeteksti. Kunokusekwa indawo ekhethekileyo yokuhlala ufunde eklasini okanye kugcinwe ingqokelela yeentlobo ezohlukeneyo zeeteksti zokufunda ezigcinwa eklasini. Kukwabaluleke kakhulu ukuba zisetyenziswe ngokufanelekileyo iincwadi zabafundi (iitekstbhukhu) yaye zisetyenziswe rhoqo. Utitshala ngamnye udinga iimathiriyeli ezifundwayo ezahlukeneyo, nekufuneka ziquke uncwadi lwabantwana abafikisayo (iiadolescent), iitekstbhukhu ezineentlobo ezahlukeneyo, iigrafu, amaphephandaba neekhathuni, kunye neeteksti ezimfutshane nezinde. Abafundi kufuneka bakwazi ukufikelela kwezi zixhobo naxa sesiphumile isikolo. Umfundi ngamnye kufuneka akwazi ukufikelela kwizinto ezifundwayo kunye nesichazi-magama. Abafundi boLwimi lokuQala nolwesiBini oloNgezelelweyo kufuneka babe nezichazi-magama zeelwimi ezimbini okanye izichazi-magama ezikwanika ulwazi kunye nesikhokelo sokusetyenziswa kolwimi. Zonke izikolo zikarhulumente kufuneka zithenge iitekstbhukhu zolwimi zithengela iBanga le-10 -12. Zona ke kufuneka ziquke iincwadi zokufundisa igrama kunye neeteksti zolwimi. Iitekstbhukhu kufuneka ziseteynziswe njengesiseko sako konke ukufundisa yaye kufuneka kugxininiswe ukusetyenziswa kwazo ngendlela eyiyo. Kubalulekile ukuba izikolo zizilawulele ngokwazo ukuthengwa kunye nokubuyiselwa kweetekstbhuku zolwimi ezilahlekileyo. Zonke izixhobo kufuneka zifakwe kwikhathalogu. Kufuneka ootitshala bagcine iirejista zokulawula ukusetyenziswa nokugcinwa kwezixhobo. Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala bayakwazi ukusebenzisa iikhompyutha kunye nezinye izixhobo zedijithali ngokunjalo nokufikela kwimithombo yokufundisa/yokufunda ekwiIntanethi.

c) Ukusetyenziswa kokufunda okusebenzisa i-intanethi (ie-learning) ukunzulisa ulwazi nokuqonda

ISebe iWCED liza kuqhuba iphulo lokuxhasa iilayibrari nokuphucula ukukwazi ukufikelela ezikhompyutheni ukwenzela ukukhuthaza ulwazi lokusetyenziswa kweekhompyutha kunye nokusetyenziswa kwe-e-learning kwizikolo zikarhulumente. Ootitshala nabafundi bayakhuthazwa ukuba batyelele iindlela zokufundisa nge-eLearning zeSebe iWCED: Iwebhusayithi yoPhuhliso lweKharityhulam yeSebe iWCED apho baya kufumana khona ezinye izixhobo eziya kubanika inkxaso.

- http://www.wcedcurriculum.gov.za WCED Learning Management System for additional teaching and learning support material.
- FET: http://www.elearningdev.wcape.school.za/mod/data/view.php?id=4871
- GET: http://www.elearningdev.wcape.school.za/mod/data/view.php?id=4872

5.4.4 Ukubekwa esweni nokuHlolwa

I-CAPS icebisa ukuba kwenziwe ukuhlola okungekho sikweni/kwemihla ngemihla kunye nokusesikweni. INkqubo yokuHlola iyafumaneka kwiCAPS. Njengenxalenye yokuhlola okungekho sikweni, iimvavanyo zasesikolweni kufuneka zisoloko zibhalwa rhoqo. Zona kufuneka ziquke imibuzo yohlobo lweemviwo yaye kusetyenziswe amazinga ohlukeneyo engqiqo.

a) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesikolo

Iintloko zamaCandelo ezifundo ezisesikolweni kufuneka zidlale indima ephambili:

- ekuxhaseni, ekubekeni esweni nasekuhloleni umsebenzi wetitshala nganye ekwicandelo layo
- ekunikeni iingxoxo eziqhubekayo ezinxulumene nolwimi
- izifundo ezibonisa indlela ekwenziwa ngayo
- ukuqhutywa kwezifundo ezifundiswa ngamaqela
- ukumodareyithwa kwemisetyenzana yeSBE phambi kokuba yenziwe
- ukumodareyithwa kwendlela abaqhuba ngayo abafundi ngokusebenzisa isampule yemisetyenzana yeSBA ukwenzela ukuphononongo nokukhangela imiba yolwimi edinga inkxaso enzulileyo.

b) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba lesithili

Izikolo ziya kwazisa izithili ukuba ziqinise imigaqo-nkqubo yongenelelo ukwenzela:

- ukuxhasa utitshala ngamnye kunye neHoD yakhe kwisikolo ngasinye;
- ukubeka esweni nokuhlola iinkqubo zokunika inkxaso loo nto iyenza ngamathuba abekiweyo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ziyasebenza.
- ukuhlalutya idatha eya kunceda kuzo zonke izenzo zoqeqesho lootitshala ezenziwa kweli phondo.

c) Ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zokufundisa kwinqanaba likandlunkulu

Eyona njongo iphambili yeeseshoni zoqeqesho iya kuba kukomeleza uqeqesho olwenziwa ngokufunda ngokubambiseneyo (collaborative professional learning) nokubonisa ootitshala indlela yokuhlalutya umsebenzi wabafundi kunye nedatha ukwenzela ukuphucula ukufundisa kwabo. Zonke izicwangciso zokusebenza (iiaction plan) ezenzelwa ukuphucula ziza kusekelwa kwidatha ekhoyo yeemviwo zeNSC kunye neyemisetyenzana yeSBA. Uhlalutyo olucacisiweyo lwephepha lemibuzo ngalinye luya kwenziwa ukwenzela ukugqamisa ubuthathaka nokomelela kwalo ngenjongo yokuncedisa nokuphucula indlela ekuqhutywa ngayo. Konke ukuhlola kwangaphakathi kuya kujongwa ngokweyona migangatho iphantsi yempumelelo efumaneka xa kuthelekiswa amaphepha angumzekelo, ukwenzela ukujonga ukufezekiswa kweemfuno zeCAPS

d) Ukukhuthazwa kwesi sifundo kunye nesi sicwangciso-nkqubo

Ukuhlola ukukhuthazwa kwesi sicwangciso-nkqubo soLwimi sePhondo zizithili, izikolo kunye neendawo zoluntu. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafanele ukuthatha inxaxheba bayakuqonda ukubaluleka kwesi sicwangciso-nkqubo. Ukuxhasa utshintsho kwisicwangciso-nkqubo esicwangcisiweyo, apho kuyimfuneko..

6 >Isiphelo

Kule minyaka ingama-20 nangaphezulu idlulileyo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqalise amaphulo ajonge ekuphuculeni indlela ekuqhutywa ngayo ekufundweni nasekufundisweni koLwimi kuzo zonke izikolo zeli phondo. La maphulo aye aqhuba nangona ikharityhulam ibitshintshwa umhla nezolo, nto leyo ibisiza neemfuno ezintsha zeendlela ekufuneka bafundise baze bahlole ngayo ootitshala, ngokunjalo nendlela ekufuneka zisebenze ngayo izikolo.

Nangona siye sazuza okuninzi kuLwimi kweli thuba, kodwa isakhwinisa kakhulu indlela abaqhuba ngayo abafundi beli phondo ekuhlolweni kwenkqubo nokokuphuma kwisigaba esithile.

Ngoko ke, kwelinye icala, injongo yesi siCwangciso-nkqubo soLwimi kukwakhela kula maphulo angoku enkxaso yemfundo ukomeleza ukufundwa nokufundiswa kolwimi, ngelixa kwelinye ikukudibanisa ezi zinto zibe yindlela elungelelanisiweyo egxininisa ngokulinganayo kwinto eqhubeka ngaphakathi kwigumbi lokufundela lolwimi nesekelwe yiloo nto iboniswa luphando njengevelisa iziphumo ezingcono zemfundo yabo bonke abafundi.

Esi sicwangciso-nkqubo sicetywayo sineedayimenshini ezine ezizezi: uphuhliso lwabantu, ukusetyenziswa kweendlela zokufundisa ezisebenzayo, ukunikwa kwezixhobo okanye izakhiwo kunye nokusetyenziswa kwazo ngokunjalo nokubekwa esweni nokuhlolwa. Ngokusingatha le miba ifumaneka phantsi kwedayimenshini nganye, kusenokwenzeka ukuba sikwazi ukujongana nale mingeni ixeliweyo kule minyaka mihlanu izayo. Idayimenshini nganye iza kuqhuba nokujongana neemfuno kunye namathuba afumaneka kwezinye iidayimenshini, ngokwenjenjalo zifaka igxalaba koyena ndoqo wesi sicwangciso-nkqubo, wona ke ongulo: **ukufundisa okusemgangathweni okwenzelwa ukufunda okusemgangathweni**.

ISebe iWCED lijonge ukuba esi sicwangciso-nkqubo singapheleli nje ekubeni siscwangciso-nkqubo sootitshala boLwimi kunye nesokufundiswa kwesi sifundo. Kufuneka sinike okungaphezu koko. Sinika zonke izifundo umgaqo-sikhokelo (iframework) onokusetyenziselwa ukumana kujongwa kulungiswa iindlela zangoku zokufundisa nokulawula. Ngaphezulu, le nkqubo ibeka phambili iindlela zokufundisa nemimiselo ekufuneka ithathelwe ingqalelo kwizinto ezibalulekileyo ezikhethwa zizikolo ukuze ziqinisekise ngezona ndlela zokufundisa zifanele bonke abafundi bezikolo zethu.

7 > IziHlomelo

7.1 IsiHlomelo soku-1: Iidayimenshini nemiba yeeNdlela zokuFundisa eziSebenzayo

Silungiselelwe sithathwa apha:

- Hayes, D., Mills, M., Christie, P. & Lingard, B. (2006) *Teaching and Schooling Making a Difference: Productive Pedagogies, Assessment and Performance*. Crows Nest: Allen & Unwin.
- Killen, R. (2005) *Programming and Assessment for Quality Teaching and Learning*. Southbank Victoria: Thomson.

7.2 IsiHlomelo sesi-2: Ubungakanani befuthe leemeko

Influence	*Effect Size*	*Source of Influence*
Feedback	**1.13**	**Teacher**
Students' prior cognitive ability	**1.04**	**Student**
Instructional quality	**1.00**	**Teacher**
Direct instruction	**.82**	**Teacher**
Remediation/feedback	**.65**	**Teacher**
Students' disposition to learn	**.61**	**Student**
Class environment	**.56**	**Teacher**
Challenge of Goals	**.52**	**Teacher**
Peer tutoring	**.50**	**Teacher**
Mastery learning	**.50**	**Teacher**
Parent involvement	**.46**	**Home**
Homework	**.43**	**Teacher**
Teacher Style	**.42**	**Teacher**
Questioning	.41	Teacher
Peer effects	.38	Peers
Advance organisers	.37	Teacher
Simulation & games	.34	Teacher
Computer-assisted instruction	.31	Teacher
Testing	.30	Teacher
Instructional media	.30	Teacher
Aims & policy of the school	.24	School
Affective attributes of students	.24	Student
Physical attributes of students	.21	Student
Programmed instruction	.18	Teacher
Ability grouping	.18	School
Audio-visual aids	.16	Teacher
Individualisation	.14	Teacher
Finances/money	.12	School
Behavioural objectives	.12	Teacher
Team teaching	.06	Teacher
Physical attributes (e.g., class size)	-.05	School
Television	-.12	Home
Retention	-.15	School

Silungiselelwe sithathwa apha: Hattie, J. (2012) *Visible Learning for Teachers: Maximizing impact on learning*. London: Routledge.